Yintoni ULMoya Oyi Ngcwele?

. . . inzima loo nto kwinkonzo. Le nkonzo iza kuba yeyahlukileyo kancinane kunezo siqhele ukuba nazo apha. Ngokuninzi, ngalo lonke ixesha sihlangana apha, iba yinkonzo yoku . . . yempiliso yabagulayo nangenxa yeentswelo zenyama. Nantso ingcaciso eye ibekwe phezu kwayo. Kodwa ngokuhlwanje siqalise le mvuselelo ngenxa yokuphiliswa komphefumlo, u—umoya womntu.

Nangona, iNkosi ithandile, kusasa ngeCawe, esikolweni seCawe, kusasa ngeCawe, sizakuba nomthandazo wabagulayo nomgca oqhelekileyo wempiliso, ukulungiselela intsasa yangeCawe, iNkosi ithandile. Kwaye kobu busuku basevekini, sinyanzeleke kakhulu ukuba sithethe ngezinto ezinguNaphakade ezizezo—ezizezomphefumlo.

2 Sonke ngoku, siyazi ukuba xa u—umzimba uphilisiwe, loo nto isenza sivuye, ngenxa yokuba siyazi ngokucacileyo ukuba loo nto ibonisa ukuba uThixo wethu uyabaphilisa abagulayo. Kodwa umntu ogulayo, ukuba uye waphila ngokude ngokwaneleyo, uyakuthi mhlawumbi aphinde agule kwakhona, mhlawumbi ibe kwaseso sifo wayephiliswe kuso, loo nto ke ayiyisusi impiliso. Ugqirha uyakukunika iyeza lengqele ipneumonia, mhlawumbi kwiintsuku ezimbini emva koko abuye afe yingqele ebe kuxelwe ukuba uphiliswe kuyo. Iyenzeka kwakhona. Kodwa loo mphefumlo uphilisiwe, uba nabo ngoko, bukuwe, uBomi Obungunaphakade.

3 Ndaye ndiyakholwa ukuba sisondele kakhulu ekuBuyeni kweNkosi uYesu, kangangokuba kusifanele ukuba senze konke esinokuba nako ukukwenza ukubuyisela wonke umphefumlo eBukumkanini, nokuzisa uBukumkani ebantwini, ukuze sibe nokuphiliswa kwimimoya yethu. Ndiyakholwa ukuba umzimba kaYesu ngowona mzimba ugulayo ndaziyo ngawo; lowo ke, ngu—ngumzimba, umzimba womoya kaKristu osemhlabeni, ugula kakhulu.

4 Ke ngoku, asicebanga kunigcina ixesha elide ngobusuku, ngokuba ngobusuku bokuqala asinandawo yaneleyo yokuzihlalisa izihlobo zethu ezithandekayo. Sisekuyileni isakhiwo senkonzo entsha, umnquba omkhulu kanye apha kulamacandelo omhlaba, okanye nokuba kuphi na apho iNkosi iyakusikhokelela khona; kodwa ke ekwazini kwethu, kulapha.

5 Ngoku siye sanikezela ngenkonzo, ukusukela ngoLwesithathu ukuya ngeCawe. Kodwa ke ngeCawe, kuyakube kuvalelwa iiholide zeKrismesi, kodwa yona . . . nanini na iNkosi isixelela ukuba sime, iyakuba lixesha elililo

elo. Asazi nje ukuba iziphumo ziyakuba yintoni na. Kodwa ekukholweni ukuba abantu abangamakhaya apha emnqubeni nakumabandla angoodade wethu, wona lawo, elinye lawo i—ingumnquba wobungcwele e-Utica, elo uMzalwana uGraham Snelling angumlungiseleli kulo, naseNew Albany apho uMzalwana—uMzalwana uJunie Jackson angumlungiseleli khona, naphaya kwakhona kumgaqo ophakamileyo apho uMzalwana uRuddell angumlungiseleli khona. Thina kunye nawo, loo mabandla angodade balomnquba, sizama ukuzisa i . . . abantu bethu ebudlelaneni obungcono kuKristu. Yileyo injongo yethu. Ngoko ndikhethe ukufunda nokufundisa ngako, kubusuku obumbalwa obuzayo . . .

6 Ngokuhlwanje ndifuna ukuthetha ngesifundo sokuba: *Wanikezelelwa Ntoni Na?* Ukuze ngokuhlwa ngomso, ndifuna ukushumayela ngokuba: *Yintoni Na UMoya OyiNgcwele?* Ukuze ngokuhlwa kwangoLwesihlanu . . . Ukuze, kubashicileli, andifuni ukuba kushicilelwe oku ngokuhlwa kwangoLwesihlanu: *Ndiwufumana Kanjani UMoya OyiNgcwele?* nokuthi *Ndazi Njani Ukuba NdinaWo?* Ukuze ngoko siyeke nje, ukuze sibone oko iNkosi iyakusikhokelela kuko, ukulungiselela uMgqibelo neCawe. Kusasa ngeCawe ke, ibe yinkonzo yempiliso, nenye inkonzo yokuvangela ukulungiselela ukuhlwa kwangeCawe.

7 Ngoku ke sifuna ukuba wonke umntu akwazi oko . . . Ndiyazi ke ukuba izishicileli-mazwi ziyaqhubeka phaya kwigumbi elingemva, kwaye sinqwenela ukuthetha oku. Ngokuba, kwezi nkonzo zinjengale, zikuhlobo lokuvangela, sinabantu abavela kumahlelo ahlukeneyo eenkonzo afundiswe ngendlela yomda wawo wenkolo, ngamanye. Ilungile ke loo nto. Andizange ndifune ukubanokubekwa ityala lokuhlwayela ukungavisisani phakathi kwabazalwana. Phaya phandle ezinkonzweni ke, ndishumayela nje ngeendawo ezibalulekiyo zeeNyaniso zokuvangela zeSibhalo, kwinto abazalwana abaxhasa inkozo yam abakholelwayo kuyo. Kodwa, apha emnqubeni, ndi—ndifuna ukuthetha ngento esikholelwa kuyo. Ngoko ke, ukuba wena—ukuba wena awuyiqondi, ndingavuyiswa kukuba ndifumane incwadana okanye isiqwengana sephepha esivela kuwe, ukuba undibuze umbuzo wo—wokuba kutheni na ukuba sikholelwe kwinto enjalo. Kwaye ndiyakuvuya ukuba ndizame ukukucacisela yona kangangoko ndinokuba nako.

8 Uyazi, bandla ngalinye, ukuba aninayo imfundiso, anililo ibandla. Kufanele ukuba nibe nayo into enimele yona, izinto eziyintloko ezithile enibambelele kuzo. Kwaye ngaphandle kokuba umntu luyintoni na umanyano lwakhe okanye ihlelo, ukuba loo mntu uzelwe ngoMoya kaThixo, ngumzalwana wam okanye udade wethu lowo, ngaphandle ko . . . Sinokungavumeli kwezinye izinto, kangangoko impuma ikude

ngako entshona, kodwa nangoko sisengabazalwana. Andinako ukuthanda ukwenza nantoni na ngaphandle kokuzama ukunceda loo mzalwana ukwenzela uhambo, olusondeleyo nolungcono kuKristu. Kwaye ndiyakholwa ukuba nawuphi na owenene, owenyaniso uMkristu uyakwenza kwaloo nto kum.

9 Ngoku, ndiwucelile lo mnquba . . . Ngoku, asingeni nje koku sisenzela nje inkonzo yasekhusini. Ndifuna ukungena kulento, kwaye ukuba wena, ndaye ndinicelile, ukuba nizidilize zonke iibhulorho emva kwenu, nilungise sonke isono, ukuze sibe singena koku ngako konke okusentliziyweni zethu nasebomini bethu. Kufuneka size apha sisizela isizathu esinye sokulungiselela imiphefumlo yethu ukuBuya kweNkosi, kungabi ngenxa yesinye isizathu.Kwaye njengokuba ndithethile ndathi, mhlawumbi ngelinye ixesha ndisenokushumayela okanye ndithethe into eyakuthi yahluke kancinane kwinto omnye umntu, indlela ayikholelwa ngayo. Andi—andizelanga mpikiswano, uyabona, ndi—ndizele . . . Silapha ukuze sizilungiselele ukuBuya kweNkosi. Kwaye ndiyacinga ukuba eliqela lincinane . . .

10 Ndinabazalwane abazindwendwe kunye nam apha ndiyayazi loo nto, besuka kwindawo ezahlukeneyo, kwaye siyakuvuyela ukuba nabo. Akuthandabuzeki ukuba kanye apha kubaphulaphuli phaya, kukho abanye abavela ngaphandle kwedolophu, abavela ngaphandle kwindawo ezincinane ezizixeko ezidibene apha. Kwaye siyavuya ukuba nani, kwaye sinivuyela kakhulu, ukuba nisithande kangangokuba nize kuva ezi zinto. UThixo . . . Wanga ungagoduka noku, mzalwana wam, dade, obona butyebi butyebileyo bukaThixo anokubugalela entliziyweni yakho, ngumthandazo wam lowo.

11 Kulomnquba mncinane ke njengokuba ndikholelwa ukuba bangabanye babona bantu balungileyo endikholwa ukuba bakho emhlabeni, aba bahamba kulomquba. Ngoku, andikhange ndithi, “ngabo bodwa” abona balungileyo. Ndithe bangabanye babona bantu balungileyo emhlabeni aba bahamba kulomquba. Kodwa ke kwimihla ngemihla, ekubeni ndingena kwakhona, ukusukela kwinkonzo ukuya kwinkonzo, ndifumana kukho intswelo enkulu yalomnquba, yintswelo enkulu yawo, leyo ke iyeyokuzaliswa, okanye ukuzinikezela, kubomi obunzulu ngokuthe chatha, ukuhambela kufutshane noThixo. Kwaye ndibathembisile ukuba ndiyakukwenza oku, ukuba ndibaphathele le Miyalezo. Sinovuyo ke ukunizisa ebudlelaneni kunye nathi kwiLizwi likaThixo, njengoko sifundisa sizama ukukhupha.

12 Ngoku, kubusuku obuthathu bokuqala asizukuthabatha ngongoma yakushumayela, koko iyakuba nguMyalezo ukuze sifundise eLizwini likaThixo.

Ke ngoku, ngokuba, andinakucela nabani na ukuba enze into ethile endingenakuyenza mna ngokwam. Kwaye le veki ibiyiveki yeKalvari ngokupheleleyo. Bendikufutshane kakhulu ekubeni—ekubeni ndife isiqaqa, ukuba ndinokuyibeka njalo, ndade ndaphantse ukushiywa zingqondo. Kodwa ke ndinikele yonke intando ngokupheleleyo, nayo yonke into endaziyo ngayo, eNkosini.

13 Ngobunye ubusuku, malunga kancinane emva kwenzulu zobusuku, inkosikazi kunye nam, emva kokuhlala, nokuthandaza nokuthetha neNkosi, sixhage isihlalo seenyawo e. . . esikwigumbi lethu elingaphambili, sineBhayibhile ezimbini ezityhiliweyo, sazinikezela iziqu zethu ngokutsha kuThixo, ukwenzela inkozo epheleleyo, ukuze siyinikezele eyethu intando, nayo yonke into, nako konke ukucinga okungenathemba, nokokuze siyikhonze iNkosi uYesu

Kwaye ndinethemba lokuba ibiyimbono yenu leyo, nani, nokuba nenze kwa into enye. Ukuze xa sisiza ngokuhlwanje, siza sikwimihlaba engcwele, phakathi kwabantu abebethandaza bezila, besenza imbuyekezo, belungiselela ukukwamkela into evela kuThixo. Kwaye ndiyazi ukuba lowo uyakuza elambile akayi kumka elambile, koko uThixo uyakumondla ngeSonka soBomi.

14 Ngoku, phambi kokuba sifunde kwiNcwadi yaKhe engcwele, masithobe iintloko zethu okomzuzwana sithandaze.

15 Nkosi, sele inikezelwe imithandazo kule ndawo ngokuhlwanje. Sele zikhona. . . iingoma zaseZiyon eziculiweyo ngabantwana baKho. Iintliziyo zabo ziphakanyisiwe. Kwaye size apha ukuza kunikezela iziqu zethu kuWe, nokunqula Wena ngokusuka emazantsi omphefumlo wethu. Kwaye siyaKukhumbuza, Nkosi ukuba Wathi xa Wawuhleli phezu kwentaba ufundisa abadisipile baKho, “Banoyolo abo balambela banxanelwe ubulungisa, ngokuba bayakuhluthiswa bona.” Wayithembisa loo nto, Nkosi. Siza ngokuhlwanje sineentliziyo ezivuliweyo. Siyeza, silambile sinxaniwe kwaye siyazi ukuba Wena uyakusigcina isithembiso saKho.

16 Njengokuba sizama ukuvula la maphepha angcwele eBhayibhileni, ukuze sifunde Oko akuqulathileyo, wanga uMoya oyiNgcwele angasuke akuthathe Akuse kwintliziyo nganye. Yanga ke loo Mbewu ingangena ihle nzulu, ifikelele kukholo oluyakuhlumisa sonke isithembiso elithe iLizwi lasenza. Sive, Nkosi, usihlambulule, usivavanye. Ukuze ukuba kukho nantoni na engahlambulukanga kuthi, Nkosi, nasiphi na isono esingavunywanga, nantoni na engalunganga, uyityhile khona ngoku, Nkosi, siyakuhamba ngokuthe ngqo kanye siyokuyenza, kuba siyaqonda ukuba siphila kwizithunzi zokuBuya kweNkosi uYesu. Kwaye sizile, Owu Thixo oyiNgcwele, singene kwithunzi lobaKho—lobaKho ubulungisa

ngokuhlwanje, kwaye sibongozela unikezelo olutsha, nokuzinikezela, nokuzaliswa nguMoya oyiNgcwele ebomini bethu.

17 Xa sibona imililo yemvuselelo iqala ukufiphala, senze ukuba sigalele iinkuni zeLizwi, ukuze Ube nokulumeka umlilo omtsha, ukuze iintliziyo zethu zizaliswe yinzondelelo. Singcwalise, Nkosi, ngeLizwi laKho elinexabiso nangeGazi laKho, nobabalo lwaKho, siyakubongoza. Kwaye wonke umbulelo nendumiso iyakuba yeyaKho. Susa lonke ikratshi ezintliziyweni zethu. Sihlambulule, Owu Nkosi. Sinike iintiziyo ezihlambulukileyo, nezandla ezicocekileyo, nengqondo ezicocekileyo, ukuze sibe nokuza kwindawo yaKho engcwele, ubusuku nobusuku, sivuya sizaliswe nguMoya waKho. Oko sikucela eGameni likaYesu, nangenxa yaKhe. Amen.

18 Ndinqwenela ukufundisa nje iLizwi ngoku. Kwaye ngelithuba . . . Ndiyanicela ukuba nize neeBhayibhile zenu, iipensele zenu, amaphepha enu, ukulungisela iZibhalo. Ukuba ninqwele ngolohlobo, kuya kulunga kakhulu. Ngoku ke ngelithuba nisafumana isahluko se-7 seZenzo, okokuqala; ukuphendula umbuzo, okanye ukuqalisa ukuphendula lo mbuzo: *Yintoni UMoya OyiNgcwele?*

19 Akukho nto iyakuze imoyise uSathana, akuzange kubekho nto konke ehlabathini ekhe yaba nako ukumoyisa uSathana, njengeLizwi likaThixo. UYesu waLisebenzisa kwidabi laKhe elikhulu; Wathi, "Kubhaliwe . . . "

20 Kusasanje ke, xa bendiphulaphule, kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, kusasazo olwabonakala lufuna ukuxela ukuba indalo ivela nje kuthuthu oluye lwaphaphatheka lwadibana, nakwichiza lezichumisi elithile, nakumachiza ambalwa omhlaba, kwaza ke ukukhanya okufudumeleyo kwadala intsobi yobomi kwavela ubomi. Bubudenge obunjani obo! Ngelithuba, imitha yelanga iyakubulala naliphi na ihlumelo lobomi. Beka ukhozo lobomi emitheni yelanga, ilubulala ngokukhawuleza. Akukho nto ilolo hlobo ke; koko uSathana uzama ukundibetha ngaloo nto. Kwaye emva kokuba ndithathe uRebecca wam omncinane ndimsa esikolweni kusasanje, kwaze kwathi endleleni ebuyayo, ndaqalisa ukuvulela unomathotholo kwakhona; ndaza ndacinga ukuba ndiza kufumana laa nto kwakhona, ndasuka ndamvala.

Ndaze ndathi xa ndiqhubeka ndinyuka ngesitrato, uSathana wathi kum, wathi, "Uyazi ukuba le ndoda uyibiza ngokuba nguYesu yayiyindoda nje efanayo, ngenye imini ngomhla waYo, enjengoBilly Graham okanye u-Oral Roberts. Yayiyindoda nje abathi baqala ukufumana abantu abambalwa ukuba baYingqonge nokuthi Yayiyindoda ebalulekileyo, kwaze kwathi emva komzuzwana yabaluleka ngokungaphezulu, Yaze

yaqalisa ukuba—ukuba sisithixo kubo. Ngoku loo nto isasazeke kwihlabathi liphela, njengokuba Yafayo nje, kuphelele apho."

21 Ndacinga, "Uleli njani ixoki!" Ndaza ndajika njengokuba bendinqumla iStrato iGraham. Ndathi, "Sathana, wena uthetha le nto kwingqondo yam, ndinqwenela ukukubuza izinto zibe mbalwa. Yayingubani lo abaprofethi bamaHebhere babethetha ngaye ukuba uyakuza? Yayingubani uMesiya othanjisiweyo? Yayiyintoni leyo yayiphezu kwaloo madoda aMbona kwangaphambili abuchaza ubomi baKhe, kumawaka-waka eminyaka phambi kokuba Eze apha? Ngubani lowo wayixela loo nto kwangaphambili igama negama? Waze ke Akufika, bathi 'wabalelwa kubaphuli mthetho,' waze Wanjalo. 'Watyunyuzwa ngezikreqo zethu,' waze Wanjalo. 'Ingcwaba laKhe laba nosisityebi, kodwa Eyakuvuka kwakhona, Waza wenza njalo. Waze wathembisa ngoMoya oyiNgcwele, ndibe ndinaWo. Ngoko usenokusuka nje umke kuloo Nto, ngenxa yokuba ibhaliwe eLizwini, kwaye lonke iLizwi liyinyaniso." Waze ke wemka. Mnike nje iLizwi, lilo elikwenzayo oko. Akanakumelana neloo Lizwi, ngokuba Liphefumlelwe.

Masiqale ukufunda ngokuhlwanje kwisahluko se-7 seNcwadi yeZenzo.

Wathi ke umbingeleli omkhulu, Zinjalo na ezi zinto?

Uthe ke yena, Madoda, bazalwana, nani boobawo phulaphulani; uThixo wozuko wabonakala kubawo wethu u-Abraham ekwelaseMesopotami, phambi kokuma kwakhe kwelakwaHaran,

Wathi kuye, Phuma kuwo umhlaba wakowenu nasemizalwaneni yakho, uze emhlabeni endingakubonisa wona.

Waza waphuma ke emhlabeni wamaKaledi, wema kwelakwaHaran. Emveni kokufa kukayise, wamsusa apho, wamfudusela apha kulomhlaba nimiyo kuwo nina ngoku.

Akamnika lifa kuwo, kwanendawo engangonyawo;kodwa wambeka ngedinga lokuba uyakumnika ubengowakhe nembewu yakhe emva kwakhe, phofu engekabi namntwana.

. . .ke kaloku wenjenje uThixo ukuthetha, wathi, imbewu yakhe iyakuba ngabaphambukeli emhlabeni wasemzini; bayakuyenza amakhoboka, bayiphathe kakubi iminyaka engamakhulu omane.

Nohlanga olo, ethe yangamakhoboka kulo, ndiyakuligweba mna, watsho uThixo; yaye, emveni kwezi zinto, iyakuphuma indikhonze kule ndawo.

Waza wamnika umnqophiso wolwaluko; wathi yena ekuwo, wazala u-Isake wamalusa ngomhla wesibhozo, waza no-Isake wamenjenjalo uYakobi, waza noYakobi wabenjenjalo oomawokhulu abalishumi elinababini.

22 Phezu kwale ndawo ke, sinqwenela ukuyingenisa ingongoma leyo, ndicinga ukuba iyebalulekileyo ingongoma yanamhlanje, yokuba . . . *Yintoni UMoya OyiNgcwele?* Uyintoni? Ke, ngoku, isizathu sokuba ndibe ndithathe ezi ngongoma zalandelelana ngolu hlobo, awunako ukuza wamkele uMoya oyiNgcwele ngaphandle kokuba uwazi ukuba uYintoni na. Kwaye awunako ukuWamkela, ukuba awazi ukuba uYintoni na, ngaphandle kokuba uyakholwa ukuba uWunikiwe, kwaye Ungowakho. Kwaye, ngoko, awunako ukwazi nokuba unaWo na, okanye hayi, ngaphandle kokuba uzazi iziqhamo Ozizisayo. Ngoko ukuba uyaWazi ukuba uyintoni na, nokuba Uya kubanni na, nokuba senzo sini na Osizisayo Usakufika, ngoko ke uyakwazi ukuba yintoni na onayo wakuWufumana. 'Yabona? Ngoko ke iyakuyiphelisa imbambano.

23 Kanye njengokuba bendithetha kuMzalwana wethu uJeffries namhlanje,waze wathi, "Ndingathanda ukubasenkonzweni ngokuhlwa nje, kodwa ndiyakubakho ngokuhlwa ngomso." Ebengazi ukuba inkonzo iyaqhubeka, ngokuba asikhange siyazise; kulapha kuphela. Abanye baba . . . uMzalwana uLeo nabanye babhalele izihlobo zethu ezithile bazixelela, ezangaphandle kwedolophu. Kwalunga, ngokuba besingenandawo.

24 Ngoku ndathi, "Mzalwana uJeffries, ukuba ubundithume ukuba ndihle ndiyokuvulela elinye iqula lakho le-oli, ndibe mna ndingazi nto ngalo, ngeliphandle ndingalidubulisa. Mhlawumbi ndisenokujika iqhosha elingelilo okanye ndiqalise injini engeyiyo.

Yiloo ndlela ke malunga nokwamkela uMoya oyiNgcwele. Kufanele wazi ukuba uzele ntoni na, nokuba uyakuWamnkela njani, nokuba Uyintoni na.

Ngoku, indawo yokuqala, uMoya oyiNgcwele wathenjiswa.

25 Singathatha ishumi leeveki kwaye singaze . . . sizitsiba nje iziphetho zale ngongoma, yokuba uyintonni na uMoya oyiNgcwele. Kodwa, into yokuqala, ndifuna ukuyingena nje ngokupheleleyo ukuze ndinike isandlalelo ubusuku ngabunye, ukuze ndibone ke ngobusuku obulandelayo ukuba kukho mibuzo ikhoyo na.

26 Bangaphi apha abangekawamkeli uMoya oyiNgcwele, babhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele? Phakamisani izandla zenu; nina naziyo ukuba anikenziwa njalo. Khangela nje izandla.

Ngoku ndifuna ukuthetha ngaWo, ngoMoya oyiNgcwele eluphawu, ngokuba Uluphawu. Siyakuqonda oko, ukuba zonke izithembiso zinikezelwe kuthi nguye . . . u-Abraham

wayengubawo wedinga, ngokuba uThixo walibeka idinga "ku-Abraham nakwiMbewu yaKhe emva kwakhe." Uphawu olu ke luya kubantu bomnqophiso.

27 Ngoku, kukho umahluko omkhulu phakathi koMkristu nje noMkristu ozaliswe nguMoya oyiNgcwele. Ngoku sizakukufumana oku sikukhupha eSibhalweni, sikubeke ke kanye ngokuchanekileyo eSibhalweni. Indawo yokuqala, kukho uMkristu obanga ukuba unguMkristu. Kodwa ukuba loo Mkristu akakazaliswa nguMoya oyiNgcwele, usesenkqubeni kuphela yokuba nguMkristu. 'Yabona? Ubanga ukuba uyaWukholelwa; usebenzela Wona, kodwa uThixo akakamniki lo Moya, woMoya oyiNgcwele. Akakafikeleli kuloo njongo kaThixo, yokuba uThixo abe uyamkele.

28 Ngokuba, ukuthi, uThixo wenza umnqophiso no-Abraham, emva kokuba wambizayo u-Abraham, ntoleyo ingumzekelo wokubizwa kwekholwa namhlanje.

Wambiza u-Abraham, no-Abraham wafuduka kwilizwe lakowabo waya kuhlala kwilizwe lasemzini, waya kuhlala phakathi kwabantu basemzini, loo nto ke yayingumzekelo waxa uThixo ebiza indoda ukuba iyeke ukungcola kwayo, iguquke ezonweni zayo. Uyabajika baphume kwiqela ebebekulo, ukuya kuphila neqela elitsha, phakathi kweendidi ezintsha zabantu.

Ukuze emva kokuba uThixo wamfumanayo u-Abraham ukuba uba ngothembekileyo kwidinga awalinikwa nguThixo, lokuba uyakuba nomntwana, ukuze ngaloo mntwana lonke ihlabathi lisikelelwe, waze uThixo walungqinela ukholo lwakhe ngokumnika umqondiso, loo mqondiso ke yayilulwaluko. Ulwaluko ke lungumzekelo kaMoya oyiNgcwele.

29 Kanye kwivesi elandelayo yesi sahluko sigqiba ukusifunda, ukuba ufuna ukuyibhala phantsi. Waze u . . . uStefano wathi, kwivesi yama-51:

> *Nina bantliziyo zilukhuni . . . bangalukileyo ngentliziyo, nangendlebe nihleli nibambene noMoya oyiNgcwele: njengabo ooyihlo, nani ninjalo.*

30 Ulwaluko lungumzekelo woMoya oyiNgcwele. UThixo ke wamnika u-Abraham umqondiso wo-wolwaluko emva kokuba emamkele uThixo kwidinga laKhe wahamba waya kungena kwilizwe lasemzini. 'Yabona? Lwalungumqondiso.

Baze bonke abantwana bakhe, nembewu yakhe emva kwakhe, kwakufanele ukuba ibe nawo lomqondiso enyameni yayo, ngokuba ungumahluko. Wawungowokubahlula kubo bonke abanye abantu, uphawu lolwaluko.

31 Yiloo nto ke uThixo ayisebenzisayo namhlanje. Luphawu lolwaluko lwentliziyo, uMoya oyiNgcwele, yiloo nto eyenza iBandla likaThixo libe liBandla elahlukileyo kuzo zonkke ezinye iimfundiso, iinkolo namahlelo. Bakwindidi zonke zamahlelo, kodwa nangoko bangabantu abakhethiweyo.

Ukuba nje ndingathetha nomntu imizuzu emibini, ndingakuuxelela ukuba umamkele na uMoya oyiNgcwele okanye hayi; ngokunjalo nawe ungenza njalo. Uyabahlula. Uluphawu. Ungumqondiso. Kwaye uMoya oyiNgcwele ungumqondiso. Kwaye uyi . . .

Nawuphi na umntwana owayelwala ulwaluko KwiTestamente eNdala, lona lwalusisithunzi soMoya oyiNgcwele, wayenqanyulwa kubantu bakowabo. Wayengenakuba nabudlelane nebandla liphela, ukuba wayale ukwaluswa. Ngoku fanisa oko na namhlanje. Umntu okwalayo ukwamkela ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, akanako ukuba nobudlelane phakathi kwabo banaye uMoya oyiNgcwele. Awunako nje ukuyenza loo nto. Kufanele ukuba ube lolo hlobo. Njengokuba, uyi . . .

32 Umama wayedla ngokuthi, "Ngamaphuthi ahlathinye." Ngoko, sisaci sakudala eso, kodwa sesiyinyaniso. Awunako ukubona amahobe namahlungulu ebambe ubudlelane. Izidlo zawo zahlukile. Imikhwa yawo yahlukile. Iminqweno yawo yahlukile.

Nantso ke indlela ekuyiyo ngehlabathi kunye noMkristu xa sele *walusiwe* ngoMoya oyiNgcwele, lona luthetha, "ukusikwa kususwe inyama."

33 Ulwaluko lwaluba koyindoda kuphela. Kodwa ukuba umfazi wayetshate nendoda, wayeyinxalenye yayo, wayaluswe kunye nayo. Niyakhumbula, kuTimoti, apho Ithi phaya, "Noko ke wosindiswa ngokuzala, ukuba bathe bema elukholweni naseluthandweni nasebungcweleni benesidima."

34 Ngoku, ulwaluko. Niyazi ukuba kwathini kwaku . . . uSara wahleka esententeni emva kwakhe, ngalaa myalezo weNgelosi, Yakuthi, "Abraham," ingazi ukuba wayengubani na, ingowasemzini, "uphi umkakho, uSara?" Yayisazi njani Yona ukuba wayenenkosikazi?

35 Njengokuba uYesu wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLothe, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu." Khumbula, loo miqondiso ayizange yenziwe ezantsi eSodom naseGomora, ehlabathini, phakathi kwabantu abangabenkolo. Koko yayisiya kwabanyuliweyo, kwabakhutshiweyo. No-Abraham ke wayekhutshiwe. Kwaye igama u-*ibandla* lithetha "abakhutshiweyo; abakhethiweyo," njengokuba u-Abraham wayezikhethile waza waluswa.

Kwaze kwathi uSara akuhleka kwaloo myalezo weNgelosi, uThixo ngewambulalayo kanye kuloo ndawo; kodwa Wayengenako ukumchukumisa uSara ngaphandle kokuba achukumise u-Abraham, ngokuba babebanye. Yena wayeyinxalenye yendoda. "Anisebabini, nibanye."

36 Ngoko, ulwaluko, uMoya oyiNgcwele namhlanje walusa intliziyo. Kwaye ungumqondiso, umqondiso esiwuphiweyo.

Omnye umntu wathi ngenye imini. . . ndiyayiphinda nje le nto, hayi njengesiqhulo. Ngokuba, iyinyaniso, kodwa ivakala njengesiqhulo. Njengokuba ndihlala ndisitsho, le asiyiyo indawo yokuqhula. Kodwa kwakukho umJamani omncinane ngaphaya kuNxweme lwaseNtshona, apho sasikhona okomzuzwana. Wamkela uMoya oyiNgcwele. Waze wehla ngesitrato, kwaye wayehamba umgama omncinane, aze aphakamise izandla zakhe athethe ngeelwimi. Wayeye abaleke, aze axhume, aze ke akhwaze. Wayesemsebenzini ke, eqhubeka ngolohlobo, wathi umqeshi wakhe kuye "Yeyiphi le ndawo ubuye kuyo?" Ndi—ndiyazithanda ezo ndawo uthe waya kuzo. Wathi "Inokuba ubuhlile waya kutsho phakathi kwelaa qela leemortyis."

Wathi, "Ucinga ukuba bazimortyis?

Wathi, "Ngokuqinisekileyo, bazizo."

37 Wathi, "Ke, mayibongwe iNkosi ngaloo maqhosha azimortyis!" Waze wathi, "Uyazi yintoni? Imortyis zidlala indima enkulu." Wathi, "Ngokomzekelo, inqwelo-mafutha, ukuba ungakhupha zonke iimortyis kuyo, akukho nto unayo ngaphandle ko 'buvuvu nje.'" Ngoko iphantse ibe yinyani leyo.

38 Ungowahluke mpela xa uMoya oyiNgcwele ukuhlele, kangangokuba ingqondo yeli hlabathi ayikuthandi, baye bachasene nawe, kwaye abafuni ukuba nanto yakwenza nawe, ngokupheleleyo. Uzelwe lelinye iLizwe. Ungowasemzini kangangamashumi ezigidi zamatyeli wokuba ubunokuba njalo, ukuba ubunokuya kwezona ngingqi zikude zamahlathi ase-Afrika ungowahlukileyo. Akufika uMoya oyiNgcwele, kwaye Wona uluphawu. Uluphawu phakathi kwabantu.

39 Ngoku, uthi wena, "Ngoko, Mzalwana uBranham, olwa phawu lolwaluko lwanikwa u-Abraham?" Yinyaniso leyo. "Nakwimbewu yakhe?" Ewe.

40 Kulungile, ngoku sizakuthyila kumaGalati, isahluko se-3, ivesi yama-29, sibone indlela ekunokusichaphazela ngayo oku. KumaGalati 3:29, sibone nje ukuba ulwaluko lungamchaphazela njani na oweNtlanga, ukuba siziNtlanga; ntoleyo, ngokuzalwa kwemveli sizizo.

Ngoku, kuqala, ndifuna ukufunda ivesi ye-16.

> *Enziwa ke kuye u-Abraham amadinga, nakuyo imbewu yakhe.* (U-Abraham nembewu yakhe!) *akathi, nakuzo iimbewu, . . .*

Naluphi na uhlobo lwe. . . athi, "Owu, ndizimbewu zika-Abraham, nam." Hayi. Kodwa kwi "Mbewu," iMbewu ka-Abraham!

> . . . Hayi *nakuzo iimbewu, ngathi kuthetha ezininzi; usuka ngathi uthetha nye, athi nakuyo—nakuyo . . . Nakuyo imbewu yakho: NguKristu ke lowo.*

41 UKristu wayeyimbewu ka-Abraham. Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla, "Amen."—Mhl.] Kulungile, ngoku masifumane ivesi yam-28 neyama-29.

> *Akusekho mYuda namGrike, akusekho khoboka nakhululekileyo, akusekho ndoda nankazana: kuba nina nonke nimntu mnye nikuKristu uYesu.*
>
> *Ukuba ke nina ningabakaKristu, niyimbewu ka-Abraham ngoko, neendlalifa ngokwedinga.*

Singena njani ekubeni "yimbewu ka-Abraham"? Ngokuba kuKristu, size ke sibe yiMbewu ka-Abraham. Yayiyintoni ke imbewu ka-Abraham? Njengokuba, sinokuya kumaRoma 4 nakwindawo ezahlukileyo.

U-Abraham akazange alamkele idinga ngeli thuba sele alusiwe. Ukubonisa ukuba ulwaluko lwalungumzekelo nje, walamkela idinga *phambi* kokuba aluswe. Lwalungumzekelo ke, wokunakanwa kokholo lwakhe awaba nalo ngaphambi kokuba aluswe.

42 Ngoku, xa sikuKristu, Sibayimbewu ka-Abraham, sibe ziindlalifa noKristu, ngoko ke, akukhathaliseki nokuba singoobani na, umYuda okanye iNtlanga.

Kwaye, "IMbewu ka-Abraham," iMbewu ka-Abraham inokholo luka-Abraham, omthatha uThixo eLizwini laKhe. Kungakhathaliseki nokuba ikhangeleka ibububenge kangakanani na, sisenzo esingaqhelekanga kangakanani na, nokuba ikwenza Ube ngoyedwa kangakanani na, uthabatha uThixo kwiLizwi laKhe ngaphandle kwayo nantoni na.

43 U-Abraham ekumashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka ubudala, noSarah ekumashumi amathandathu anesihlanu eminyaka, bamthabatha uThixo eLizwini laKhe, bayibiza nantoni na echasene naLo njengengekhoyo. Ucinga ukuba bacinga ntoni oogqirha, bangaloo mhla? Ucinga ukuba bacinga ntoni abantu, bakubona ixhego, elinamashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka, lijikeleza lidumisa uThixo, wayezakuba "nomntwana" ngenkosikazi yakhe yona inamashumi amathandathu anesihlanu, malunga namashumi amabini anesihlanu eminyaka iyekile ukuya exesheni? Kodwa, uyabona, lukwenza wenze ngokungaqhelekanga, ukholo luka-Abraham.

44 Kwaye xa walusiwe ngoMoya oyiNgcwele, Wenza into enye kuwe. Ukwenza wenze izinto ongazange ucinge ukuba ungazenza. Ukwenza ukuba uthathe idinga likaThixo ukholwe kuThixo.

45 Ngoku, kwakhona Ukoku, ngaphandle kwe—kwedinga nophawu, Ukwalilo netywina. Ngoku ukuba uyakuya kunye nam kwabaseRoma. Okokuqala, ndifuna ukuba uye kunye nam kuma-Efese 4:30, makhe sifunde apha ke okomzuzwana. Kuma-Efese 4:30 ithetha oku.

Ngoku, nakhe nabeva abantu abaninzi besithi izinto ezahlukileyo zingamatywina. “Ukuba uya enkonzweni, unalo itywina lenkonzo.” Abanye abantu bathi, “Likukugcina umhla othile, umhla wesabatha, loo nto—loo nto ilitywina likaThixo.” Abanye babo bathi, “ukuba sibekwe kuludwe lwamalungu kwihlelo elithile, sitywinelwe eBukumkanini bukaThixo.

46 Ngoku, iBhayibhile ithe, “Malithi lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, ke elikaThixo libe yiNyaniso.” Ngoku, kuma-Efese 4:30 ifundeka ngoluhlobo:

> *Kananjalo musani ukumenza buhlungu uMoya oyiNgcwele kaThixo, enathi ngaye natywinwa naqiniselwa imini yentlawulelo*.

47 Kuzakufuneka ndibe lukhuni kancinane koku ngoku, ndikwandlale. Ngoku, nina bazalwane bokuvumelekileyo nize nizole kancinane. ’Yabona? Niqaphele ukuba elaa tywina lithatha ixesha elingakanani? Alihlali kude kube yimvuselelo elandelayo, kude kube lixesha elilandelayo ekuya kuthi kwenzeke into engeyiyo. “Kude kube yimini yentlawulelo yenu,” lithuba otywina lona elo. “Kude kube yimini yentlawulelo yakho,” usakube uhlangulwa unyuswa kunye noThixo, lithuba elingako uMoya oyiNgcwele atywina lona. Hayi ukusuka kwimvuselelo uye kwimvuselelo; koko ukusuka kwinguNaphakade uye kwinguNaphakade, utywinwe ngoMoya oyiNgcwele.

Yiloo nto ayiyo uMoya oyiNgcwele, Ulitywina likaThixo, kulapho Afunyanwa khona . . . ufumene inceba ebusweni Bakhe, kwaye Uyakuthanda, kwaye Uyakholwa kuwe, uye Wabeka itywina lakhe Phezu kwakho. Yintoni itywina, nabani na? Kuba, *itywina* lalatha okanye lithetha “umsebenzi ogqityiweyo.” Amen. UThixo ukusindisile, wakungcwalisa, wakucoca, wakwenzela inceba, wakutywina. Ugqibile. Uyimveliso yakhe kude kube yimini yokuhlangulwa kwakho. *Okutywiniweyo* “kuyinto egqityiweyo.”

Yintoni uMoya oyiNgcwele? Ungumqondiso. Sizakufika kuloo nto emzuzwini ozayo, komnye uMyalezo, ngumqondiso uPawulosi awathetha ngawo. Iilwimi zazingumqondiso kumakholwa . . . okanye kwabangakholwayo.

48 Ngoku qaphela, kodwa, koku, uMoya oyiNgcwele ungumqondiso. Ndithetha . . . Kwaye uMoya oyiNgcwele ulitywina. Ungumqondiso awathi uThixo wawunika abantwana baKhe abanyuliweyo. Ukuwala, kukunqanyulwa umke kubantu; kwaye ukuWamkela, kuthetha ukuba ugqibile ngehlabathi nazo zonke izinto zehlabathi, nokuba yimveliso athe uThixo wayibeka itywina lokupasiswa.

49 Ndandikhe ndasebenza kwindlela yakwaloliwe apha ngaphandle kwaHarry Waterberry, sasiye sihle ke siyokulayisha imoto. Umntakwethu, uDoc, lowa umi phaya

emva, uncedisa ukulayisha iimoto. Xa inqwelo-mafutha ilayishwa, uyangena kuloo moto, umhloli, ukuze ukuba uthe wafumana nantoni na eyekeyeke, apho inokuthi iwe yaphuke, okanye nantoni na enokutshabalalisa; akasayi kuyitywina loo nqwelo ide ibe loo moto ipakishwe ngokupheleleyo, ide ibe ipakishwe kakuhle kakuhle kakhulu nangolungelelwano, ukuze ukugungqa kohambo kungabi nakuyenzakalisa imveliso engaphakathi.

50 Nanko ke undonakele asitywinwa kangako; sindyengelele kakhulu ngezinto. Uthi uMhloli akufika, ukuza kuhlola ubomi bakho, ukuze abone ukuba awuyekeyekanga nje na ngezinto, uyekeyeke kancinane ngobomi bomthandazo, uyekeyeke kancinane ngomsindo, uyekeyeke kancinane ngolwimi, ngokuthetha ngabanye, Akanakuze ayitywine loo moto. Imikhwa ethile emibi, izinto ezithile ezingcolileyo, ingqondo ethile yesimilo esikrwada, Akanakuyitywina loo moto.

Kodwa xa Athe wayifumana yonke into isendaweni yayo, uMhloli, ngoko ke Uyayitywina. akukho mntu unokuze alivule elo tywina ide ibe loo nqwelo ifikile kwindawo yayo ebitywinelwe yona! Nantso ke. "Musani ukubachukumisa abathanjiswa baM; ningabenzakalisi abaprofethi baM. Kuba ndithi kuwe, ngekukulungele ukuba ugangxwe ilitye lokusila entanyeni yakho, untywiliselwe enzulwini yolwandle, endaweni yokuba uzame ukhubekise okanye ushukumise kancinane noko amnye waba bangabona bancinane batywiniweyo." Uyabona ukuba ithetha ukuthini na?

51 Uyiloo nto ke uMoya oyiNgcwele. Usisiqiniseko sakho. Ulukhuselo lwakho. Ulingqina lakho. Ulitywina lakho. Ungumqondiso wakho, wokuba, "Ndisingise eZulwini. Andikhathali nokuba usathana uthini na! Ndisingise eZulwini. Ngoba? Wanditywina. Wandinika Wona. Wanditywinela eBukumkanini baKhe, ndisingise eBuqaqawulini! Ingabhudla imimoya, uSathana angayenza into afuna ukuyenza. UThixo sele enditywinile kude kube yimini yokuhlangulwa kwam." Amen! Uyiloo nto ke uMoya oyiNgcwele. Owu, umelwe kukuWufuna. Bendingeke ndihambe ngaphandle kwaWo. Kuninzi kangako okunokuthethwa apho, kodwa ndiqinisekile ukuba niyakwazi oko ndithetha ngako.

52 Ngoku, kananjalo, masityhile kuYohane 14, umzuzu nje. Ndiyalithanda mpela iLizwi! LiyiNyaniso.

53 Ngoku, uMoya kaThixo uMoya oyiNgcwele, uyintoni uMoya oyiNgcwele? UnguMoya kaKristu ungaphakathi kuwe. Ngoku, phambi kokuba sifunde, ndithanda ukukhe ndiphawule ngamazwi ambalwa apha. Uyintoni uMoya OyiNgcwele? ULitywina. Uyintoni uMoya oyiNgcwele? UnguMnqophiso. Uyintoni uMoya oyiNgcwele? UnguMqondiso. UYintoni uMoya oyiNgcwele ngoko? Ungu . . . unguMoya kaYesu Kristu ungaphakathi kuwe. 'Yabona? "Kuyakuba mzuzwana," watsho

uYesu, “lize ihlabathi lingabi saNdibona; kodwa ke nina niyakuNdibona, ngokuba Ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekupheleni kwehlabathi.” UMoya kaThixo ungaphakathi eBandleni laKhe!

54 Kusenzelwa ntoni? Wayenzela ntoni Yena loo nto? Oko kungena kancinane kwingongoma yangokuhlwa ngomso. Kodwa ke Wakwenzela ntoni oko? Kwakutheni ukuze Akwenze, kwakutheni ukuze uMoya oyiNgcwele . . . Yintoni, yintoni Awayizelayo? Wangenela ntoni kuwe, Wangenela ntoni kum? Yayikukuze aqhubele phambili imisebenzi kaThixo.

55 “Ndenza kuphela oko kukholekileyo kuBawo waM. Andizanga kwenza intando yaM, koko yintando kaBawo owaNdithumayo. Kwaye uBawo owaNdithumayo unaM; kwaye njengokuba uBawo waM waNdithumayo, ngokunjalo Ndiyanithuma nani.” Owu bethu! [UMzalwana uBranham uqhwaba izandla zakhe kabini—Mhl.] UBawo owaMthumayo, wahamba engaphakathi kuYe. uBawo owathuma uYesu weza engaphakathi kuYe, wasebenza ngaYe.

UYesu okuthumayo, uhamba nawe engaphakathi kuwe. Kwaye ukuba loo Moya, xa wawuphila kuYesu Kristu, wamenza Yena wenza ngendlela awathi Wenza ngayo, uyakuba noluvo oluphandle lokuba Uyakwena ntoni na xa Ukuwe, kuba oba Bomi abuguquki. Buyakuhamba ukusuka kumzimba ukuya kumzimba, kodwa Abungeke buyiguqule imo yaBo, kuba BunguThixo.

56 Ngoku kuYohane 14, masifunde kancinane nje, siqale ngomqolo we-10.

> *Akukholwa na . . . ukuba Mna ndikuye uBawo, abe ke uBawo ekum? amazwi endiwathethayo . . . mna kuni andiwathethi ephuma kum: uBawo ke ohleli kum, nguye oyenzayo imisebenzi le.* (Yicinge loo nto ngoku.)
>
> *Kholwani ndim ukuba Mna ndikuye uBawo, nokuba uBawo ukum: okanye ke kholwani kum ngenxa yayo imisebenzi leyo.*
>
> *Inene, inene, ndithi kuni, Lowo ukholwayo kum imisebenzi endiyenzayo mna , uyakuyenza naye . . . yena; nemikhulu kunale uyakuyenza; ngokuba mna ndisiya kuye uBawo.*

Aniboni? ’Yabona indlela awakuthetha ngayo apho? Ngoku qaphela oku, indlela ekuvela ngayo. Ndizakufunda ndiqhubele phambilana. Sizakufunda sihle siye malunga nevesi yama-20. “Nento enithe nayicela e . . . ” Makhe sibone, ndiyifumene . . . Ewe. A-ha. Kulungile.

> *Nento enithe nayicela egameni lam, ndoyenza Yona, ukuze uYise azukiswe ngoNyana.*

Ukuba nithe nacela into ngegama lam, ndoyenza Mna.

Ukuba niyandithanda, yigcineni imithetho yam.

Mna ndiyakucela kuBawo, (ngoku khangela) *aze aninike omnye uMthetheleli, ukuze ahlale nani ngonaphakade;*

uMoya weNyaniso; lowo lingenako ihlabathi ukumamkela, ngokuba llingamboni: lingamazi nokumazi; nina ke niyamazi, ngokuba uhleli nani kananjalo uyakuba kuni.

57 Ngubani loo Moya ke ngoko? Uyintoni uMoya oyiNgcwele? UnguKristu engaphakathi kuwe. UMthetheleli, nguMoya oyiNgcwele lowo. "Akuba efikile ke uMthetheleli, Uyakwenza imisebenzi efanayo nale beNdiyenza ngethuba uMthetheleli engaphakathi kuM. Ndiyakuthandaza kuBawo, ukuze Yena aninike lo Mthetheleli. Niyamazi uMthetheleli. Ihlabathi Alimazi, alinakuze libe nako. Kodwa nina niyaMazi ngokuba Uhleli nani ngoku," nguYesu othethayo, "kodwa Uyakuba ngaphakathi kuni." Nantso ke, nguMthetheleli ke lowo, "uyakuba kuni."

Andiyi kunishiya nizinkedama: ndiyeza kuni.

"Andiyi . . . " ngoku, nguMthetheleli lowo, uKristu. Yiloo nto ayiyo uMoya oyiNgcwele, unguKristu.

Lise lilifutshane ixesha, ukuze ihlabathi lingabi sandibona; ke nina niyandibona: ngokuba ndisidla ubomi mna, nani . . . *niyakudla ubomi.*

58 Owu, singaqhuba siye phambili naphambili; kodwa, manazi. Uyintoni? Ulitywina. Ungumqondiso. UnguMthetheleli. 'Yabona oko Akuko konke? Imbewu ka-Abraham iMdla ilifa.

59 Ngoku masifumanise kananjalo ukuba . . . yintoni na ayiyo kwakho uMthetheleli. Masiye kuYohane wokuQala 16:7, sibone ukuba Akanguye na uMmeli, ngokunjalo. Niyazi ukuba yintoni na igqwetha, ukumela ematyaleni. Sinaye uMmeli. Siyayazi loo nto. UYohane wokuQala nguye 16 . . . Owu, yima umzuzwana, uxolo. UYohane oNgcwele, nguye, 16:7. Uxolo, ndicela uxolo, kakhulu ngokuba, ndithethe loo nto. Ndiyifunde ngandlela engeyiyo kweyam . . . ndafumana i–16:7.

Noko ke mna ndinixelela inyaniso; Kunilungile ukuba ndimke: kuba ndingemkanga, uMthetheleli akayi kuza kuni; ke ndithe ndemka, ndiyakumthumela kuni.

Efikile ke uyakulohlwaya ihlabathi lidane, ngenxa yesono, nangenxa yobulungisa, nangenxa yomgwebo:

Ngenxa yesono, ngokuba bengakholwanga kum;

Ngenxa yobulungisa, ngokuba ndisiya kuBawo, ize ningabi sandibona;

Ngenxa yomgwebo, ngokuba umphathi weli hlabathi egwetyiwe.

60 Bethu! Ngoku, uMmeli, ufumaneka ku—kuYohane wokuQala 2:12. Ngoku makhe sifunde loo ndawo, umzuzu nje, uYohane wokuQala 2:12. Uxolo, uYohane wokuQala . . . 1 ne-2, kulapho. Ndizibhale ngendlela engeyiyo apha, uYohane wokuQala 2:1 ukuya kwi-2.

Bantwanana bam, ndinibhalela ezi zinto, ukuze ningoni. Ukuba kukho othe wona, sinoMthetheleli kuye uYise, uYesu Kristu ilungisa:

Ngubani uMthetheleli? NguYesu Kristu ilungisa.

Yena—yena usisicamagushelo sezono zethu: engesazethu zodwa, usiso nesehlabathi liphela.

61 Yintoni uMoya oyiNgcwele? UnguMthetheleli. Wenza ntoni u . . . Yintoni uMthetheleli? Wenza nto Yena? Uyathethelela. Unenceba. Yena, Uma esikhundleni sethu. Yena, Wenza izinto ongenakuzenza. Yena, U—Usisicamagushelo sezono zakho. Ububulungisa bakho. Uyimpiliso yakho. UbuBomi bakho. Uluvuko lwakho. Uyiyo yonke into yakho anayo uThixo. UnguMthetheleli.

62 Indlela ebesinokukhe singene ngayo kwiincukacha sizahlulahlule, ezendlela ekuthi ngayo xa Athi—Athi enze intethelelo ngenxa yokungazi kwethu. Ngamanye amaxesha xa i . . . sinaye uMoya oyiNgcwele, sisuka sikhubeke kwinto ethile ngokungazi. UMoya oyiNgcwele ukho ukuze asithethelele. UnguMthetheleli wethu. Uma kweyethu . . . UnguMmeli wethu. Uma apho asicengele. Asizicengeli ngokwethu, ngokuba uMoya oyiNgcwele okuthi uyacenga ngenxa yethu. UMoya oyiNgcwele wenza intethelelo, ngamanye amaxesha ngamazwi ongenakuwaqonda, aze Yena asikhungele. Yiloo nto ayiyo uMoya oyiNgcwele.

63 Xa ndingena nakuyo nantoni na, ndi—ndihamba njengomntwana omncinane; uhamaba njengomfo omncinane. Thina, thina sihamba kwihlabathi elimnyama elizele ziintshaba, elizele sisono, elizele yimigibe, elizele yinto yonke.

Uthi, "Owu, ndiyoyika. Ndiyoyika ukuthabatha ubomi boBukristu. Mna, ndiyoyika ukwenza *oku*. Ndiyoyika ukwenza o*ku*."

Musa ukoyika. Sinaye uMthetheleli. Amen. Owu, Yena uma ecaleni kwethu. Ungaphakathi kuthi, kwaye Wenza izincwino ngenxa yethu. UMoya oyiNgcwele, ngokuthe rhoqo, uhlala esenza intethelelo ngenxa yethu, ngalo lonke ixesha. Nguye uMmeli wethu. Owu, indlela esimbulela ngayo uThixo ngaloo nto!

64 Itywina, umqondiso, uMoya woBomi, uThixo waseZulwini, uMthetheleli, uBomi, uMthetheleli. Yinto Ayiyo! Owu, bethu! Singaqhuba siye phambili iiyure ngeeyure ngaloo nto.

65 Ngoku sizakutshintsha umzuzu nje. Ngoku sizakubuza ngoku. . .

Wathenjiswa kuthi ngemihla yokugqibela! Lo Mthetheleli, itywina, idinga, nayo yonke into esithethe ngayo malunga naYe ngokuhlwanje, nangamashumi amawaka aphindwe ngokungaphezulu, Wenziwa walidinga kuthi ngomhla wokugqibela.

Babengazange babenaWo ngomhla wabo. Babenetywina nje enyameni yabo, njengomqondiso nophawu, bekholwa ukuba Uyeza, baze ke bahamba ngesithunzi somthetho. Sona eso, yayikukuba babesaluswa ngenyama.

66 Namhlanje asihambi ngasithunzi samthetho. Sihamba ngamandla ovuko. Sihamba ngamandla kaMoya, Yena ulitywina lenyaniso lethu, uMmeli wenyaniso wethu, uMthetheleli wethu wenyaniso, uphawu lwethu lwenyaniso lokuba sizelwe ngokusuka ngaseNtla; singabahlukileyo, abantu abangaqhelekanga, abenza ngendlela engaqhelekanga, bethabatha uThixo eLizwini laKhe, beyibiza ngokuba yengekho ndleleni nantoni na eyenye. LiLizwi likaThixo elinyanisileyo. Yiyo. . . Owu, bethu! Nantso into ayiyo uMoya oyiNgcwele.

67 NiyaWufuna? Aningekhe nithande ukuba naWo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Masibone ke ukuba waWuthenjisiwe na.

Ngoku masiphindele emva ku-Isaya, iNcwadi ka-Isaya. Masifunde isahluko sama-28 sika-Isaya. Ngoku siyaku-Isaya 28, kwaye sizakuqalisa malunga ne. . . Masithathe umqolo we-8, sibone ukuba wathini na u-Isaya, kumakhulu asixhenxe aneshumi elinesibini leminyaka phambi kokuba Ufike.

68 Zininzi izinto esinokuzithetha ngoku, sibuyele emva, emva kakhulu, kodwa sizakuzama nje ukuqwalasela kanye apha sibone ukuba waWuthenjisiwe na kwiBandla. Wawufanele ukuba Ufike ngawuphi umhla? Ngemihla yokugqibela, apho kuyakubakho u—ukonakala. Ngoku khumbula, eli gama likwisininzi, "imihla," kwimihla emibini yokugqibela, kumawaka amabini eminyaka okugqibela.

Ngoku, ngoku, ivesi ye-8.

Kuba, *zonke izithebe zizele ngumhlanzo. . . oyintshontsho, akukho ndawo* ingenawo.

69 Ungakhangela jikelele namhlanje ubone ukuba kunjalo. Khangela jikelele ubone ukuba asikho kuloo mhla na. "Zonke izithebe!" Ngoba, bayaya kwisidlo Sangokuhlwa seNkosi, into yokuqala ke, emgceni obonakalayo, uthabatha iqhekeza elidala lesonka okanye iqebengwana, ulaphule libe

ngamasuntsu wenze umthendeleko. Ngeli thuba, loo nto ifanele ukwenziwa ngezandla zikaMoya oyiNgcwele, nesonka esingenagwele. UKristu akamdakanga engangcolanga, ibe loo nto imele Yena.

70 Enye into, bawunika abantu abaselayo, bexoka, besiba, betshaya, behlafuna icuba, (wowu!) nantoni na eyenye, okoko nje bengamalungu ebandla. Makube le! Ukuba umntu uyawuthabatha xa esidla oku apha, uphefumla eziselela ukugwetywa, engawucaluli nje uMzimba weNkosi. Ukuba akabuphili ubomi, makahambele kude kuwo.

Kwaye ukuba awuwuthabathi, oko kubonisa ukuba isazela sakho sinobutyala. "Lowo ungadliyo, akanasabeo kuM," watsho uYesu.

71 Kodwa zonke izithebe zeNkosi zibe zezizaliswe kukungcola. Akukho nendawo enye ecocekileyo. Phulaphula, ukuba oko akungomfanekiso wanamhlanje na!

Uyaku . . . uyakuyala bani na ukuba azi? aqondise bani na . . . udaba? . . .

. . . uyakuyala bani na ukuba *azi?* . . . aqondise *bani na udaba?* . . .

"Kulungile, makabongwe uThixo, ngingumPresbhithari. NdingumWisile. NdingumPentekoste. NdingumNazarene. NdingumPilgrim Holliness." Loo nto ayithethi nento enye kuThixo; sesinye nje isithebe.

. . . aqondise bani na *udaba?* . . .

72 Hlobo luni lodaba; ubuWisile, ubuBhaptizi, ubuPresbhithari, ubuPentekoste? IMfundiso yeBhayibhile!

. . . aqondise bani na *udaba?* . . .

73 Wazi njani xa uWufumene? Sizakufika kuloo nto ngokuhlwa ngoLwesihlanu. 'Yabona?

. . . aqondise bani na *udaba?* (ngoku khangela) *abalunyuliweyo emasini, Abancothulweyo ebeleni.*

74 Iintsana ezincinane zithi, "Kulungile, ndiyaya enkonzweni, umama wam wayengoweli bandla." Andinayo nento echasene noko, mzalwana othandekayo. Kwaye ndiyaqonda ukuba oku kuyashicilelwa. Ilungile loo nto, ukuba ngowenkonzo kamama. Kodwa, phulaphula, umama wayehamba kokunye ukukhanya, wena uhamba kokunye.

75 ULuther wayehamba kokunye ukukhanya; uWesley wahamba kokunye. UWesley wayehamba kokunye ukukhanya; iPentekoste yahamba kokunye. Kodwa thina sihamba kwindawo ebuphakama kunoko namhlanje. Ukuba kukho esinye isizukulwana, siyakuhamba kokungaphezulu kunathi.

76 Phaya emva kwintsuku zamandulo ngethuba le nto yayibanzi, ibanzi kakhulu, uLuther wafundisa ugwetyelo

ngokholo. Loo nto iyeyokwenzela nje ukuba abantu baphume kubuKatolika bangene kubuProtestanti, ukungena ebudlelaneni ngeLizwi. Ugwebelo ngokholo, yayiyimo enkulu ebanzi leyo. Abazange basuke ke kuloo ndawo.

77 Kwaza kwafika enye imvuselelo ebizwa ngokuba nguJohn Wesley. Yabashukumisa yabasusa koko, yaze yalizisa ezantsi kungcwaliso, yashiya . . . obulungileyo, obungcwele ubomi, ukungcwaliswa ngeLizwi likaThixo, kukunike uvuyo entliziyweni yakho. Oko ke kwashukumisa kwasusa into eninzi yamfundiso yobuLuthere.

78 Kwaze kwafika ubuPentekoste nobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, bayicutha yaya isihla kwakhona, ngokwamkelwa koMoya oyiNgcwele. Injalo loo nto.

Ke ngoku kwaqala ukushukuma kusihla. Kwaba zizipho, nokubuyiselwa, noMoya kaThixo ungenile, enzalisekweni yemiqondiso nezimanga, ingena eBandleni, yaza yabuvuthulula ubuPentekoste. Yintoni na? Sisondele kakhulu ekuBuyeni kweNkosi uYesu, ude ube kwaloo Moya wawungaphakathi kuYe uyasebenza eBandleni, usenza kwa ezo zinto Wazenzayo ngoku Wayelapha emhlabeni. Ayizange ibekho naphi na, ukusukela emva kwixesha labapostile kude kube leli xesha.

Ngoba? 'Yabona, ibanzi; iye icutheka, icutheka, icutheka. Yintoni na? Kanye njengesandla sakho sisiza esithunzini; isithunzi, isithunzi, isithunzi. Kodwa yintoni na? Ngumfanekiselo. Wayeyintoni uLuther? Sisithunzi sikaKristu. Wayeyintoni uWesley? Sisithunzi sikaKristu.

79 Khangela, isigaba sikaBilly Sunday sasisandula ukuphela. Ngenye imini, uGqirha Whitney omdala, wakhe wafundisa kanye kule pulpit, ongowokugqibela weqela lakudala, wabhubha, emalunga namashumi alithoba, ndiyaqikelela. UBilly Sunday wayengumvuseleli kumabandla awayekho ngegama ngomhla wakhe. Wayengathetheleli; wayesima phaya akhwaze, "Nina nonke maWisile ziwiseni phantsi, abashumayeli nento yonke! Nina nonke maBhaptizi ziseni phantsi! Nina maPresbhithari!" Wayengathetheleli. WayenguBilly Graham womhla wakhe.

80 Qaphela. Kwaze ke, kwangexesha elinye apha amabandla akho ngegama ayanemvuselelo yawo, kwenzeka ntoni? I-Full Gospel yayinemvuselelo. Kwavela abazalwana bakwaBosworth, uSmith Wigglesworth, noGqr. Price, u-Aimee McPherson, bonke abo.

Khangela, uSmith Wigglesworth wabhubha ngobunye ubusuku. UGqirha uPrice wafa ngentsasa elandelayo. Kwisithuba samashumi amabini anesine eeyure ndasele ndisentsimini.

81 Ngoku isiphelo sam siyeza. Khangela e . . . Aniseva kakhulu ngoBilly Graham. Aniseva kakhulu ngo-Oral Roberts. Ndiyazibona iinkonzo zam zisiba mfiliba. Yintoni undonakele? Sisekupheleni, sesinye isigaba.

82 Wangena njani uBilly Sunday, nabanye abo? Bangena kanye emva kwemvuselelo enkulu kaMoody. Wangena nini uMoody? Kanye emva kwemuselelo kaKnox. Wangena nini uKnox? Kanye emva kwemvuselelo kaFinney. UFinney emva koCalvin, uCalvin emva . . . Ngoko, uWesley, noWesley emva koLuther. Yehla isiza njalo kuso sonke isigaba. Nje ukuba iphele enye imvuselelo, uThixo wavelisa enye wakhupha ukuKhanya okuthe chatha; ihlala iqhubeka ngolo hlobo.

83 Ngoku sisekupheleni kweli xesha. Indoda nganye yayijonge ekupheleni kokujika kwayo uKuza kukaKristu, kodwa kuninzi ababemelwe kukukulindela; ukubuyela kwamaJuda, izikhanyiso ezisesibhakabhakeni ezingaziwayo, zonke ezi zinto sizibonayo namhlanje. Kodwa sisekupheleni. Silapha ngoku. Babesazi ukuba iBandla limelwe kukwamkela aMandla ayakusebenza eBandleni kwa imisebenzi kaKristu, ngokuba njengokuba isithunzi sisiya siba nzulu ngokuba nzulu, siya sibonakalalisa ngakumbi.

84 Thabatha umthunzi. Xa umgama kunomthunzi, sincinane isibonakaliso somthunzi osibonayo. Emva komzuzwana, umthunzi uya usondela ngokusondela, ude umthi nothunzi ube yinto enye.

85 Ngoku, uMoya kaThixo usebenze phantsi kogwebelo, phantsi koLuther; ungcwaliso, phantsi koWesley; ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, phantsi kobuPentekoste; naNgu ke ngomhla wokugqibela, usebenza imisebenzi eminye nale Wayenzayo ngethuba WawukuKristu. Yintoni na? IBandla noKristu libe yinto eNye.

Nje ukuba Badibane kunye, ikhonkco lokugqibela, Liyakucanda isibhakabhaka, likhwaza. Uyakunyuka uWesley, uLuther, nabo bonke abanye balaa mihla yakudala, "owokuqala uyakuba ngowokugqibela, owokugqibela abe ngowokuqala," lubekho ke uvuko.

86 Sisekupheleni kwexesha. Phulaphula, nantso into eyenziwa nguMoya oyiNgcwele. UMoya oyiNgcwele, ngogwebelo, 'yabona, sisithunzi nje esicekeceke saWo; uMoya oyiNgcwele, ngongcwaliso, sisithunzi esinobunzulu obuthe chatha saWo; uMoya oyiNgcwele, ngobhaptizo lwaWo, sisithunzi esinzulu ngokungaphezulu; ngoku uMoya oyiNgcwele, ngokubuyiselwa koBuntu baWo bulapha, busenza imiqondiso nezimanga njengokuba Wenzayo ekuqalekeni. Whowu! Uzuko! Uzakundibiza ngokuba "ndingumqengqeleki ongcwele," nakanjani na, usenokuqalisa ngoku.

87 Phulaphulani, bazalwana, phulaphulani oku.

. . .zonke izithebe zizele ngumhlanzo. . .akukho ndawo icocekileyo.

Uyakuyala *bani na ukuba azi?. . .aqondise bani na imfundiso? abalunyuliweyo emasini, abancothulweyo ebeleni?*

Hayi iintsana ezincinane; iintsana zamaPresbhithari, iintsana zamaWisile, iintsana zakwaMoya, iintsana zamaLuthere, iintsana zamaNazarene. Ufuna umntu othandayo ukumka emabeleni azokudla inyama eqinileyo. Nantsi ke isiza:

Kuba umthetho uza phezu komthetho,

. . .umthetho phezu komthetho; ummiselo,. . .phezu kommiselo; intwana apha, intwana phaya:

Inene uyakuthetha ngentetho ethintithayo nangalulwimi lumbi kwaba bantu.

Watshoyo kubo ukuthi, Nantsi indawo yokuphumla phumzani abatyhafileyo; nantsi indawo yokunyhamnhyeka: basuka abavuma.

88 UMoya oyiNgcwele, ukuba oko ayiyiyo indlela Aweza ngayo ngoMhla wePentekoste, owawuprofethwe kumakhulu asixhenxe aneshumi elinesibini leminyaka phambi kokuba Uze! Nanku Usiza ngoMhla wePentekoste, weza ngokuchanekileyo ngolo hlobo.

89 Omnye umntu wathi, "Kukugcina umhla wesabatha." Andali mhlawumbi ndithathe lula nenkonzo kabani na okanye unqulo. Kodwa wathi, "Umhla wesabatha, isabatha kaThixo yayilusuku lokuphumla."

Nalu usuku lokuphumla. [Umzalwana uBranham uphakamisela iBhayibhile phezulu.] "Naku ukuphumla," Wathi, "ukuze nenze abadiniweyo baphumle." Naku. Amen! "Kuyakuba ngumthetho phezu komthetho, ummiselo phezu kommiselo." Naku ukuphumla. Yintoni uMoya oyiNgcwele? Luphumlo. Owu!

Yizani kum nonke nina nibulalekayo, nisindwayo ngumthwalo, ndandiya kuninika ukuphumla.

90 Uyintoni Yena? NguLowo ungena kuwe, akunike uxolo; umqondiso wakho, uMthetheleli wakho; uthuthuzelwe, ekuphumleni, utywiniwe.

91 Uziva njani? Ungumqondiso; ihlabathi linento eliyaziyo eyenzekileyo kuwe. Uyintoni? NguMthetheleli. Uyintoni? Ulitywina. Usekuphumleni. Unaye. . .Ung uMmmeli wakho. Ukuba, wena, kukho into ethile eyenzekayo kuwe, kukho into ethile Ephaya eya kukwenzela intethelelo ngokukhawuleza, 'yabona, ukwenza intethelelo. NguMoya kaThixo ophila ebandleni, waprofethwa ngokuchanekileyo kanye ukuba Uyakuba yintoni na Akufika. Uyakuba lolungapheliyo, uphumlo lwaNaphakade.

92 UThixo walenza ihlabathi. KumaHebhere, isahluko se-4. "UThixo walenza ihlabathi, waza waphumla ngomhla wesixhenxe." Injalo loo nto.

Ngomhla wesibhozo ubuyela kanye kwasekuqaleni, phantsi . . . Lowo wawunika amaJuda ukuze ibe ngumnqophiso, esenzela isigaba esithile sexesha. Injalo loo nto. Kodwa bayahamba bayokuphumla imini enye; babuyele, ngosuku lokuqala lweveki, baqalise ekuqaleni kwakhona, ngokutsha, baqalise. Asikuko oko ukuphumla awayethetha ngako uThixo.

Wathi uThixo akwenza ihlabathi ngeentsuku ezintandathu, wathi Akuya kuphumla, Waphumala ukususela ngoko ukuya phambili. Injalo loo nto. Iphelele apho. Akazange abuye kwakhona ngomhla wesibhozo azokuqalisa kwakhona.

93 Yayisisithunzi nje kuphela. Ngoku, loo nto yayingumzekelo, njengenyanga kwilanga; kodwa lithi ilanga lakuphuma, asisayiswele nganto inyanga kwakhona. Ngoku qaphela oku, owu, kwiSityhilelo 11, "Umfazi onenyanga phantsi kweenyawo zakhe, nelanga entlokweni yakhe." Owu, singanena kuyo yonke iBhayibhile, ukusukela esicikweni ukuya esicikweni, sinibonise. 'Yabona?

94 Kodwa yayiyintoni leyo? Ngethuba, iBhayibhile kumaHebhere isahluko se-4, "Ukuba uYesu wayebanikile umhla wophumlo, Ngengabuyanga kamva athethe ngawo; Ngewathetha ngemini yokuphumla." Nguwuphi lo mhla wayethetha ngawo, uphumlo?

Yizani kum nonke nina nibulalekayo nisindwayo ngumthwalo, ndandiya kuninika ukuphumla.

95 UMateyu isahluko se-11, ivesi yama-22 . . . Khangela, ngoko, sikufumana sakuza kuYe oko. "Kuba lowo," atshilo amaHebhere 4, "lowo ungenileyo ekuphumleni kukaYesu, uphumle kwimisebenzi yakhe yasemhlabeni, njengokuba wenzayo uThixo kweyaKhe," wathi Akwenza ihlabathi, akaphinde abuyele kwakuloo nto kwakhona. Ixesha elingakanani? [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini kathathu—Mhl.] Lixesha elingakanani utywinwe ngoMoya oyiNgcwele? "Kude kube yimini yakho yentlawulelo." Nalo ke olo phumlo, ukuzola, uMmeli, itywina, uMkhululi. Owu! [UMzalwana uBranham uqhwaba izandla kanye.] Ndiziva ndibuvuseleleka, okanye ndiziva ndibusikeleleka. Owu!

96 "Ingaba Uthenjiswe kuthi, Mzalwana uBranham? Ingaba uqondakalisiwe yiBhayibhile?"

Kulungile, masiye kuYoweli, sifumanise oko uYoweli wakuthethayo ngaWo.

Indlela endinombulelo ngayo ngeLizwi likaThixo elisikelelekileyo! NiyaLithanda? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ndicinga ukuba ukuba bekungekho ngenxa yeLizwi, andazi ukuba besiya kuma phi na. Kulungile.

SikuYoweli ngoku. Siya kuYoweli, isahluko se-2 sikaYoweli, sizakuqalisa ngomqolo wama-28. UYoweli 2:28, kumakhulu asibhozo eminyaka phambi kokuza kukaKristu, umprofethi ekuMoya. Ngoku phulaphula.

> *Kuyakuthi emveni kokuba* njalo*, ndithulule uMoya wam phezu kwenyama yonke;. . .baprofethe oonyana benu neentombi zenu, amadoda enu amakhulu aphuphe amaphupha, amadodana enu abone imibono:*
>
> *Kwanaphezu kwabakhonzi naphezu kwabakhonzazana ndomthulula umoya wam ngaloo mihla.*
>
> *Ndiyakwenza izimanga ezulwini nasehlabathini, igazi. . .nomlilo nemiqulu yomsi.*
>
> *Ilanga liyakusuka libe mnyama, nenyanga ibe ligazi, phambi kokuba ifike. . .imini kaYEHOVA leyo inkulu yoyikekayo.*
>
> *Bathi bonke abasukuba belinqula igama likaYEHOVA, basinde:*

97 Leyo ke yi. . . Owu! Intoni? UYoweli! Niqaphele? KwiZenzo 2, uPetros wathabatha kwa le vesi inye. Wathi, “Madoda akwaSirayeli, waveni amazwi am. Aba abanxilile,” aba batywiniweyo, bathuthuzelwa, abaqhelekanga, bangabantu abaphawulweyo. “Abanxilile, njengokuba nicinga,” iZenzo 2, “iselilixa lesithathu lemini nje. Kodwa oku koko kwathethwayo ngoYoweli umprofethi, esithi, ‘Kuyakuthi ngemihla yokugqibela Ndiwuthulule uMoya waM phezu kwayo yonke inyama.’”

98 Yintoni Leyo, yintoni uMoya oyiNgcwele? Kulungile, ngoku masiqaphele kwakhona, uthenjiswe kumakholwa, nantso into Oyiyo. Ngoku, lo Moya uyiNgcwele, sifumanisa ukuba Uyintoni na, umzuzu nje. Ingaba uthenjiswe kubani na? Kumakholwa.

Ngoku masiye kuLuka, isahluko sama-24 sikaLuka, phulaphula Oko uYesu wakuthethayo kuMazwi waKhe okugqibela phambi kokuba alishiye ihlabathi. ULuka isahluko sama-24. Nina ke nikucholacholayo oku ngoku, ningaphawula apho phantsi, nize nikufundisise ngomso xa ninethuba elithe chatha. Ngoku, uLuka 24:49, phulaphula uYesu ethetha. Ekupheleni, ngethuba Wayenyukela eBuqaqawulini, unyuko, nanga aMazwi Awawathethayo kubadisipile baKhe.

> *. . .ndithumela, Idinga likaBawo kuni. . .*

Eliphi idinga? Itywina, umqondiso, uMthetheleli, nazo zonke ezi zinto ndithethe ngazo, ngokuphindwe ngamawaka ngaphezulu.

Eliphi idinga? "Eli u-Isaya wathi lizakuza, 'Uyakuthetha ngentetho ethintithayo nangalulwimi lumbi kwaba bantu.' Ndiyakukuthumela phezu kwenu oko kuphumla. Ndiyakuthumela oko uYoweli wathetha ngako, ukuba, 'Kuyakuthi ngemihla yokugqibela, utsho uThixo, Ndiwuthulule uMoya waM phezu kwenu.' Owu, Ndiyakuthumela kuni, ndenze zonke izizwe, bonke abantu, ukuqalela eYerusalem . . . Ndiyakuyingenisa imbewu ka-Abraham phantsi kwalomnqophiso. Ndiyakubatywina bonke ngabanye. 'Yabona, Ndiyakuwuthulula uMoya waM."

> . . . *Ndiyakuthumela idinga likaBawo kuni: kodwa lindani,* kuthetha, ukuthi *lindani kwisixeko iYerusalem, nide nambathiswe amandla aphuma enyangweni.*

99 Yintoni uMoya oyiNgcwele ngoko? "NgaMandla aphuma eNyangweni!" Hayi amandla avela kubhishophu, hayi amandla avela enkonzweni. Kodwa, "aMandla aphuma aNyangweni!"

100 Eza njani loo Mandla? Ngokuthi "ujoyine inkonzo"? Ndiyanimema ukuba nenze oko, nithi yinyaniso leyo. Ngokuba "ujoyine inkonzo, ubambane isandla nomshumayeli"? Hayi, mhlekazi. Ngoku, kuni maKatolika, "kukuthi gqi ulwimi lwakho uthabathe umthendeleko wokuqala"? Hayi, mhlekazi.

101 Eza njani ke Wona, aMandla aphuma eNyangweni? Masifunde sibhekele phambilana. Masiye kwiZenzo 1:8. Bayahlanganisana ngoku. Ngoku babethetha ngoYesu apha, xa babehlanganisene, sebemisele omnye ukuba athabathe indawo kaYuda. IZenzo 1:8.

> *Niyakwamkela ke amandla, akubon'ukuba uMoya oyiNgcwele uhlile phezu kwenu:* . . .

Intoni? "Nibe ngamalungu oMnquba kaBranham"? Hayi. "Nibe ngamalungu enkonzo yaseWisile, inkonzo yamaKatolika, amaPresbitari"? Akunjalo, eBhayibhileni. Yimfundiso eyenziwe ngabantu leyo.

"Koko niyakwamkela aMandla emva kokuba nibe ngabashumayeli"? Hayi, mhlekazi. "Niyakwamkela aMandla ekubeni nithe nanesidanga se-Bachelor of Art"? Hayi, mhlekazi. "Niyakwa- . . . aMandla ayakufika emva kwe DD"? Hayi, mhlekazi. "Niyakwamkela aMandla emva kokuba nibhaptizwe emanzini"? Hayi, mhlekazi. "Niyakwamkela aMandla emva kokuba nithabathe umthendeleko wokuqala"? Hayi, mhlekazi. 'Yabona, yinto eyenziwe ngabantu yonke leyo.

102 Phulaphula ukuba yathini na iBhayibhile, into eyathethwa nguYesu.

. . . niyakwamkela ke amandla, akubona ukuba uMoya oyiNgcwele uhlile phezu kwenu: (yintoni uMoya oyiNgcwele? ngaMandla) ukuze, emva koku, *nibe ngamangqina. . .* ("Nina nilishumi elinesibini kuphela, niyakuba ngamangqina eYerusalem"?) *. . . niyakuba ngamangqina am kokubini eYerusalem, . . . nakwelakwaYuda, . . . eSamariya, kude kuse nasekupheleni komhlaba.* (Apho kungenakufikelelwa okwangoku)

Wathi ke akuzithetha ezi zinto, . . . akuba ezithethile ezi zinto, bakubona ukuba bamkhangele, wenyuswa wasiwa phezulu laza ilifu lamamkela . . . wayakusithela kubo.

103 Ngoku thyila kanye ngaphaya kwephepha, zikhangele ezi ziprofetho zisenzeka.

Uthe wakubona ukuba umhla wePentekoste uzalisekile, babe kwi . . . baye bemxhelo mnye bonke ndaweninye.

"Kwaze kwathi ngequbuliso umlungiseleli wangena wa . . . "?

Ndiphumile emgceni apho, andiphumanga? "Kwathi ngequbuliso umbingeleli wangena esibingelelweni"? Hayi.

Kwathi ngequbuliso kwafika isandi . . .

Hayi ukholo lokuzenzisa; Sasikho, isandi.

"Umlungiseleli wayesondela emnyango"? "Umbingeleli wayenomthendeleko, ephuma kwindawo engcwele"? Hayi, akukho nanye into enjalo.

. . . kwafika isandi siphuma ezulwini . . . (Hayi ukushixiza kweenyawo) *. . . kwafika isandi siphuma ezulwini . . . sinje ngomoya ovuthuza ngamandla* (owu, bethu! Whu-u-u-sh! . . . ? . . .) *. . . sawa kuyo yonke indlu ababehleli kuyo.*

104 Yintoni uMoya oyiNgcwele? Naku apho bafumana khona aMandla. Naku apho babemelwe kukulinda khona; nantsi into eyenzekayo bakuba benze njalo. Konke kwakuprofethiwe, ukusukela kwiGenesis ukunyuka, ukusuka ku-Abraham ukuza; ukuba Uyakuza, nokuba Uyakuza kanjani na, neziphumo eziyakuza. Uyintoni? Lidinga kwiBandla, kumakholwa.

. . . wayizalisa *indlu ababehleli kuyo.*

Kwabonakala ke kubo iilwimi ezabekayo ngathi . . . zezomlilo, lwa olo lwahlala phezu kwabo ngabanye.

Bazaliswa bonke nguMoya oyiNgcwele, baqala ukuthetha ngalwimi zimbi, njengokuba uMoya wayebanika ukuba bathethe baphimisele.

Ngoku sizakufika kuloo nto, ngokuhlwa ngoLwesihlanu. Sizakuyiyeka kuloo ndawo, 'yabona.

105 Unjani ke Wona? Ulidinga kwiBandla, ulidinga ngokupheleleyo. Kulungile.

106 Ngoku, ngoku sizakufumanisa, emva kokuba babezalisiwe, batywinelwa ixesha elingakanani? [Ibandla lithi, "Kude kube yimini yokuhlangulwa."—Mhl.]

Bangaphi apha abanawo uMoya oyiNgcwele? Masibone izandla zenu. Baninzi abanoMoya oyiNgcwele kunabangenawo. Sifuna ukuba ube ngomnye wethu, mzalwana, dade. Wakuba uWuqonda ukuba Uyintoni na, U . . . UnguMoya kaThixo uhleli ngaphakathi kuwe, ukuze wenze imisebenzi kaThixo.

Wathi uThixo akuthumela nakuphi na koMoya waKhe nakuwuphi na kubakhonzi baKhe, nakuwuphi na kubaprofethi baKhe, nakuwuphi na kubafundisi baKhe, nakuwuphi na kubapostile baKhe, baliwa lihlabathi njalo. Babebalelwa ekubeni baphambene, kuso sonke isigaba esathi sabakho. Nangoku uPawulosi wayemi phambi ko-Agripa, wathi, "Ngendlela ekuthiwa yengenangqondo . . ." Yintoni *ukungabinangqondo*? "Yimpambano." "Ngendlela ekuthiwa yengenangqondo, iqela lezihiba iimortyisi, yiloo ndlela endimnqula ngayo uThixo wooBawo." [Umzalwana uBranham uqhwaba izandla zakhe kanye—Mhl.] Ndiyavuya kakhulu ukuba ndithi ndingomnye wabo. Ewe, mhlekazi. Injalo loo nto. Ndiyavuya ukuba ndithi ndingomnye wabo.

107 Ngoku, emva kokuba lo Moya uyiNgcwele wabahlelayo, Wabenza ukuba babenentliziyo ezinothando yade yonke into yayeyobudlelane. Ingaba kunjalo? Owu, owu, obunjani ubudlelane! Siyalicula elo culo ngamanye amaxesha, "Owu, obunjani ubudlelane! Owu, lolunjani uvuyo oluNgcwele!" Lulo olo. Babengakhathali, babengakhathali nokuba i—ilanga liyakhanya na okanye alikhanyi. Abazange bacele umandlalo weentyatyambo zokulala.

"Ngoku, ndiyakwamkela uMoya oyiNgcwele," batsho abantu abathile kum, "Mnu. Branham, ukuba uyakundiqinisekisa ukuba ndiyakuba ngusozigidi, ukuba uyakundiqinisekisa ukuba kdiyakufumana amaqula e-oli, ukuba ndiyakufumana imigodi yegolide, ukuba ndi—ndi . . ." 'Yabona, abantu bayayifundisa loo nto, babe ke bafundisa ubuxoki. UThixo akathembisanga ngezo zinto.

108 Ukuba umntu uthe wamamkela uMoya oyiNgcwele akakhathali nokuba uyasingqibela na isonka sakhe, okanye hayi. Ayenzi mahluko kuye loo nto. Usisidalwa esisingise eZulwini. Akangekhe . . . Akanamaqhina angawalapha, ngokupheleleyo. Injalo loo nto. Akakhathali. Makwenzeke, makumke, nokuba yintoni na. Bangagxeka, bahlekise. Ulahlekelwe ludumo lwakho, ukhathala yintoni? Usendleleni

yakho esinga eBuqaqawulini! Haleluya! Amehlo akho amiliselwe kuKristu, kwaye uyahamba. Awukhathali nokuba lithini na ihlabathi.

Nantso into ayiyo uMoya oyiNgcwele. UngaMandla, Ulitywina, UnguMthetheleli, UnguMmeli, Uluphawu. Owu, bethu! Usisiqinisekiso sokuba uThixo ukwamkele.

Lingakanani ixesha endilithathileyo? Ndinemizuzu nje esibhozo esaseleyo. Mandi . . . Ndinezibhalo Ezininzi apha. Andiqondi ukuba ndingazifaka, kodwa siza—sizakuzama ngoko sinako.

109 Ngoku, emva kokuba umntu ezaliswe nguMoya oyiNgcwele, ingaba kungenzeka ukuba kubekho iintshutshiso nezinto eziyakumbanga ukuba abuyele emva a . . . Ngoku, akasayi kulahlekelwa, usenguye unyana kaThixo, uyakuhlala enguye, ngokuba utywinwe ixesha elingakanani? [Ibandla lithi, "Kude kube yimini yokuhlangulwa."—Mhl.] Injalo loo nto. Yinto eyathethwa yiBhayibhile leyo.

110 Ngoku, emva kokuba abadisipile babebethiwe, babephoxiwe, kwahlekiswa ngabo, nayo yonke enye into, babecinga ukuba lixesha lokuba babuyele emva okomzuzwana. Masityhile ku—kwizenzo Isahluko se-4, sibone ukuba bathi . . . kwenzeka ntoni na. Ngoku oku kuza kuni bantu sele ninaWo. IZenzo isahluko se-4.

Ngoku, uPetros noYohane babebethiwe, bafakwa entolongweni, ngenxa yempiliso, ngenxa yokubamba inkonzo yempiliso phaya ngaphandle kwisango lecawe. Bangaphi abayaziyo loo nto? Kwakukho indoda eyayingqengqe apho, ibuqhwalela ezinyayweni zayo. Ingakwazi ukuhamba; yayinjalo isithuba samashumi amane eminyaka. Wadlula wangena uPetros. Yathi ke . . . yayiphakamisa indebe yayo, ukuze kufakwe into kwindebe yayo, isenzela ukudla.

UPetros wabonisa ukuba wayengumshumayeli ozaliswe nguMoya oyiNgcwele, wayengenayo kwamali. Wathi—wathi, "Igolide nesilivere andinayo." 'Yabona, wayengakhathali yiloo nto. Kodwa waye—wayesisidalwa esisingise eZulwini. Owu, indlela endinqwena ngayo ukuba sibe besinexesha lokuhlala kancinane apho, 'yabona. Wayesingise eZulwini. Wayethuthuzelekile. Wayenawo uMoya. Wayenawo aMandla. Wahamba wathi, "Igolide nesilivere andinayo, kodwa oko ndinako ndikunika kona."

Ngokungathandabuzekiyo laa ndoda yathi, "Unantoni, mhlekazi?"

"Ndinokholo. Ndinento entliziyweni yam eyaqala kwiintsuku ezilihumi ezidlulileyo. Ndandisegumbini eliphezulu phaya, kwaze kwathi ngequbuliso, onke amadinga kaThixo awawenzayo . . . Ndandihambe naye uYesu Kristu iminyaka emithathu enesiqingatha. Ndaloba kunye naYe,

ndaya ekulobeni iintlanzi. Ndazenza zonke ezi zinto zahlukenyo. Kwaye ndaMbona ephilisa abagulayo. Nda . . . Wayehleli endixelela, 'UBawo uKum; kodwa Ndakuba ndimkile, Uyakungena kuni.' Ngoko, ndandingayiqondi loo nto. Kodwa Ke wathi, 'Ngoku, andilindelanga ukuba uyiqonde loo nto.'"

Aziqondwa ezi zinto; ziyafunyanwa nje. Andikayiqondi nam. Uze ke ungandixeleli ukuba uyayiqonda; ngokuba, awenzi njalo. 'Yabona? Ngoko, andinako ukuYiqonda, andinakuyicacisa; kodwa, inye into endiyaziyo, ndinaWo.

"Ke, ke," uthi "awukho ngokwenzululwazi." Owu, ngokuqinisekileyo unjalo.

111 Khangela umbane. Wathi uBenjamin Franklin akuwubamba, wathi, "Ndiwufumene." Wayengazi ukuba yintoni na le wayeyifumene, kodwa wayewufumene. Kwaye ndifuna umntu othile ngokuhlwanje akhe andixelele ukuba yintoni na umbane. Abakawazi into oyiyo, kodwa sinawo. Amen. Injalo loo nto. Akukho mntu uwaziyo umbane ukuba yintoni na. Bangawasebenzisa amandla amanzi akhanyise, bawenze avuthe, bawenze asebenze. Kodwa u—uveliswa zii-generator, amaceba amabini abaleka kunye ngoloo *hlobo*. Avelisa loo nto, yiloo nto kuphela abayaziyo. Uyakukhupha ukukhanya, kwaye unamandla kuwo.

112 Loo nto ke ifana noMoya kaThixo. Xa uthe wafumana icala elinye, elinguwe, nelinye icala elinguThixo; uze wenze abaleke kunye ngolo *hlobo*, oko kuyakukwenzela into. Kunjalo. Kuyakukunika ukuKhanya. Kuyakukunika amandla. Awazi ukuba Uyintoni na, ungenakuze wazi ukuba Uyintoni na, kodwa uyazi xa unaWo. Yiloo nto kuphela eqinisekileyo. Kwaye Ungowakho. Ungowakho. Usisiqiniseko. Kunjalo.

Kubonisa ntoni *okuya* kukhanya? Naso isiqiniseko. Sikukukhanya.

Ngoku qaphela oku. Ngoku, awazi ukuba Uyintoni na.

113 Kodwa aba bafo bathi, "Kulungile," babeya . . . bathetha into enye ababeyazi, "siyazi ukuba abafundanga." Ezinye zezi "zihiba," iimortyis uyabona, njengokuba umJamani omncinane wathi wayesiso. 'Yabona? Wathi, "Babengabangazinto bengafundanga. Kodwa babekhe bakunye naye laa Mlobi, laa Mchweli uphaya ezantsi, ubizwa ngokuba nguYesu, ndiyanixelela, ngokuba benza kwa izinto ezinye naZenzayo."

114 Uyiloo nto uMoya oyiNgcwele, unguYesu engaphakathi kuMlobi ongazinto, uMchweli, okanye nantoni na, umshumayeli ongazinto, nokuba yintoni na. Ngumntu ofuna ukungabinalwazi kwizinto zehlabathi, avumele uYesu angene kuye, uMoya kaThixo, iTywina, uMthetheleli. Akakhathali ngaludumo; inye into ayifunayo nguThixo.

115 Wathi uThixo xa wayebeke ngolungelelwano, Wathi, “Nonke nina baLevi, ndinibizile ndanikhupha ndanenza ababingeleli. Nani nonke bazalwana, abanye, izizwe ezilishumi elinesibini ne. . . ezinye izizwe ezilishumi elinanye gxebe ziyakunihlawula isishumi.”

“Xa uthe, wafumana izitya ezilithoba zama-apile, uze ugalele sibe sinye kumLevi. Xa uqhuba izimvu zakho ziphumele apha e-eholweni, uze uthabathe imvu yeshumi. Andikhathali nokuba ilitakane na, okanye enkulu, etyebileyo, okanye ebhityileyo, leyo iyeyomLevi.

“Ngoku, baLevi, nakukufumana konke oku, nize nani nikhuphe isishumi, nani, siye eNkosini. Nize nenze umnikelo wezikhwebu, umnikelo wesivuno, iindidi ezahlukeneyo zeminikelo. Nikhuphe isishumi eNkosini.”

116 Wathi, “Moses, esakho isabelo, ndiM esakho.” Owu, bethu! Wathi, “Ndisisabelo sakho esanelisayo.”

Nantso into ayiyo uMoya oyiNgcwele kwiBandla namhlanje. Igolide nesilivere andinayo, kodwa ndinaso iSabelo esanelisayo. Haleluya! Imfundo, kunzima nokuba ndifunde le Ncwadi, kodwa ndinaso iSabelo esanelisayo. Kulungile oko. Isidanga sobuGqirha, andinaso; iPh.D okanye iLLD, okanye nantoni na eyenye. Kodwa inye into endinayo, siSabelo esanelisayo. Nantso eyona ndawo ndiyifunayo. Nantso eyona ndawo uThixo afuna ukuba ube nayo. Zilahle zonke ezinye ezi izinto ezindala, lonke udumo nayo yonke enye, ukuze uphume ufumane iSabelo sikaThixo esanelisayo.

117 Kuba, into onayo yelihlabathi, uzakuyishiya apha xa umka. Ukuba unaso eso Sabelo sanelisayo, Siyakukuthabatha sikunyuse ngokuqinisekileyo. Sisoloko sithabatha i-inshorensi, namhlanje, ukuze siyinike umngcwabi. Masifune iSabelo esanelisayo sikaThixo, size sisinike uMvusi endaweni yomngcwabi. Uyazi, ziyasebenza zombini.

118 Ngoku masibone.

. . . bakhululwa, baya kwabanye babo, . . .

Hayi ukubuyela kubabingeleli. ’Yabona, loo nto yayibonisa ukuba babenaWo. Babengabuyeli kokudala, okubandayo, kwento yesithethe, kwakhona; babuyele emva bathi, “Khanikhangele oko bakwenze kuthi!” Hayi, hayi. Babenalo iqela ababehamba nalo. Kwakukho malunga neshumi elinesibini labo apho, kodwa elo yayiliqela elaneleyo, isandlana nje esincinane sabantu.

. . . bakuba bekhululwe, . . .

Emva kokuba bebabethile babagrogrisa, bathi, “Ukuba nikhe nabhaptiza ngeGama likaYesu kwakhona!” Okanye,

owu, ndithetha i. . . Kulungile, injalo loo nto. 'Yabona? "Ukuba nikhe nashumayela ngeGama likaYesu kwakhona, nantoni na ke, eniyenzileyo sizakunifumana!"

119 Bathi, "Whow, sisigrogriso esipheleleyo eso. Masiye kwabanye abazalwana." Owu, nantso ke indlela. Elumanyanweni kukho amandla. Elumanyanweni kukho amandla. Bathi, "Masibuyele kwabanye abazalwane sifumanise oko sinokukwenza."

120 Ngoku bahlanganisana bonke bexelelana ngamava awahlukeneyo.

> *. . . bakuba bekhululwe, baya kwiqela labo, bazixela zonke izinto ezathethwa ngababingeleli abakhulu namadoda amakhulu kubo.*
>
> *Bathi ke bakukuva oko, bawaphakamisela kuThixo amazwi abo ngamxhelo mnye, . . .*

Ngoku phulaphula oko bakuthethayo. Mkhangele, mkhangele abazange, babuyele emva bathi, owu, bathethe enye into ngokuthi, "Owu Nkosi, ndicela uxolo. . . " Hayi. Babesele besindisiwe. Babezaliswe nguMoya. BabenoBomi obungunaPhakade.

> *. . . bawaphakamisa amazwi abo. . . ngamxhelo mnye, baze bathi, Nkosi, wena unguThixo, . . .*

Amen! Ndiyayithanda loo nto, Mzalwana uPalmer. Ndiyayithanda loo nto.

> *. . . wena unguThixo* (siyayazi loo nto) *owenza amazulu, nehlabathi, nolwandle, nazo zonke, izinto ezikwezo zinto:*
>
> *Owathi ngomlomo womkhonzi wakho uDavide. . . wathi, . . .*

121 Ngoku khangela, uyakubuyela emva, uthi, "Ngoku, asingo. . . " Ngokuphumela phaya phandke uthi, "Kulungile, ngoku, Nkosi, ngoku yima umzuzwana apha. Bahlekisa ngam kakhulu!" Akazange atsho Yena ukuba bayakukwenza oko?

"Nabo bonke abathanda ukuhlala ngokuhlonela uThixo kuKristu Yesu bayakutshutshiswa."

"Ke, uyazi, umqeshi wam undixelele ukuba ukuba uthe wandibamba. . . " Akazange atsho ukuba bayakuyenza loo nto? "Ke, uyazi, bandibizele enkundleni ngenye imini, ngenxa yaWo."

122 Akazange athi, "Niyakuziswa phambi kookumkani nabalawuli, ngenxa yeGama laM. Nize ningakucingi kwangaphambili eniyakukuthetha, ngokuba asinini abathethayo"? Ndiyibonile isenzeka loo nto izolo. "NguMoya oyiNgcwele ohleli kuni; nguYe oyakuthetha." 'Yabona, "NguYe." Injalo loo nto. Kulungile. "Nize ningakucingi eniyakukuthetha."

Nkosi, ngo . . . *Owathi ngo . . . ngomlomo womkhonzi wakho uDavide, Zazibhavumela nina iintlanga, nabantu bacinga into engeyonto?*

Ookumkani bomhlaba, baphakama nabalawuli . . . bahlanganisana ngokuyichasa iNkosi, nokumchasa uKristu wayo.

*. . . eneneni, N*kosi, *ngokuchasene nomntwana wakho ongcwele uYesu, lowo wamthambisayo, bobabini uHerode, noPontiyo Pilato, kunye . . . bahlanganisana*

Ukuze benze loo nto isandla sakho necebo lakho sayiqulunqa kwangaphambili ukuba yenziwe.

Owu, bethu! Ndiyayithanda loo nto. "Nkosi, benza kanye loo nto wathi Wena bayakuyenza." Yathini iBhayibhile?

Ngemihla yokugqibela, kuyakuvela abagxeki, abakratshi, abaqhankqalazi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo;

. . . abaqhankqalazi, abanyelisi, abangenakuzeyisa, . . . abangenakuthanda ukulunga,

Benokumila kokuhlonela uThixo, ukanti bewakhanyela . . .

Abazange benyuke baye phaya ukuya kwamkela aMandla, "emva kokuba uMoya oyiNgcwele uhlile phezu kwenu."

Benokumila kokuhlonela uThixo, ukanti bayawakhanyela amandla ako: kwaba njalo ke khwebuka.

Nantso into ayiyo uMoya oyiNgcwele. 'Yabona?

. . . oko *kumelwe . . . kukwenziwa.*

. . . ngoku, Nkosi, zikhangele izoyikiso zabo: ukuze— ukuze ubaphe abakhonzi bakho, ukuba bathi ngako konke ukungabinantloni balithathe ilizwi lakho,

Owu, ndiyayithanda loo nto! Ususe obo bubhetyebhetye budala, uze ufumane ukuqina umqolo kwenene. Ngoku khangela apha.

. . . sibe nokuwathetha amazwi akho,

Ngokolula isandla uphilise; . . .

Owu, mzalwana! Imimoya engcolileyo ayifi, kanti noMoya oyiNgcwele awufi ngokunjalo. 'Yabona?

. . . ngokolula isandla sakho uphilise; . . . ukuze imiqondiso nezimanga zenziwe egameni lomntwana wakho oyingcwele uYesu.

Uyabona ukuba yintoni na ababexoxisana ngayo, awuyiboni? Benza kwa into enye nanamhlanje, kodwa ayisebenzi nakancinane.

Bathi bakuba bethandazile, indawo ababehlanganisene kuyo yazanyazanyiswa; baze bazaliswa bonke nguMoya oyiNgcwele, baze . . . balithetha ilizwi likaThixo ngobuganga.

123 Whowu! Bethu! Bafumana into bakunyuka baye phaya, akunjalo? Idinga lathi yiloo nto uMoya oyiNgcwele ayiyo, ukuze ininike ukungabinantloni, uninike umthuthuzeli, unitywine, uninike uphawu. Owu, bethu!

124 Phulaphula. Owu, ndinqwenela ukuba sibe besinexesha, besiza koluhla siye kuFiliphu kumaSamariya. KwiZenzo 8:14; nonke nina bayibhalayo. Bamkela uvuyo olukhulu, baba nempiliso ezinkulu, kodwa babebhaptizwe nje eGameni likaYesu Kristu. Kodwa benyuka bathumela eYerusalem, ukuba kubizwe uPetros; wehla wababeka izandla, baza bamamkela uMoya oyiNgcwele. IZenzo 8:14.

125 Iintlanga, kwakukho omnye owayenegama elinguKorneli. Wayeyindoda ethandekayo, ebihlawula isishumi, wakha iminquba yokukhonzela yabantu, emhlonela uThixo, emoyika uThixo; indoda elungileyo, umPresbithari, olungileyo umWisile, umBhaptizi, okanye nantoni na eyenye, 'yabona, indoda elunge kakhulu. Kodwa ngenye imini, uThixo wathi, "Uyindoda elungileyo; ngoko ndizakumthumela enkonzweni. Kufanele ukuba ndimthumele umshmayeli wam aye phaya amxelele ngaWo." Kulungile.

Ngoko wabona umbono, wathi, "Yihla uye eYopha, kwaye uyakufmana apho ezantsi umntu ekuthiwa nguSimon, umsuki. Kukho ke omnye, uSimon Petros, olapho. Makenyuke eze apha; uyakukuxelela indlela, kuba unento ayamkeleyo."

126 Kwathi ke uPetros akuphakama apho . . . NoKorneli wayeza kumnqula loo mshumayeli. Wayeza kwenza njalo. Kodwa Petros wathi, "Phakama. Ndingumntu njengawe."

"Kwathi akubona ukuba uPetros uyawathetha laMazwi," wokuba babuyela emva kanjani na, ekuqalekeni e . . . Izinto ezifanayo nezi ndithetha ngazo, zokuba uThixo wathembisa ukuwuthulula uMoya oyiNgcwele. "Wathi esawathetha laMazwi, uMoya oyiNgcwele wabawela." Whu-u! Ewe. Nantso into ayiyo uMoya oyiNgcwele, nabantu Ongowabo. Ngokuqinisekileyo. "Baze bazaliswa bonke nguMoya oyiNgcwele."

127 Ngoku qaphela kuma-Efese, kwakukho umzalwana womBhaptizi. Ekuqaleni wayeligqwetha, elumkile, eyindoda enengqondo, ewazi umthetho; indoda ebalulekileyo, isifundiswa. Ngenye imini kwafuneka ukuba ayifunde iBhayibhile, waze wabona apho ukuba kwakuyakuza onegama elinguMesiya. Waze wathi akwenza njalo, ngoba, waqala

ukuva ngoYesu, waze wathi, “Ndeyisekile. Ndiyaluvuma ngokuphandle ukholo lwam kuYesu onguKristu, uNyana kaThixo.” WayengumBhaptizi wenene. Nanku ke efika, “Ndiyaluvuma ngokuphandle ukholo lwam kuYesu onguKristu.” Wafikelela ekuyenzeni loo nto ngokokude uThixo ambizele elulungiselelweni. UThixo uyakuhlala ethetha kwintliziyo enyanisekileyo.

128 Kwye ke kukho umenzi weentente omncinane ezantsi owayenegama elingu-Akwila noPrisila, umyeni nenkosikazi. Babengabenzi beentente. IZenzo isahluko se-18, zikuxelela loo nto. UPawulos, babazizihlobo zakhe. Babemamkele uMoya oyiNgcwele phantsi kwezandla zikaPawulos nemfundiso yakhe.

Babenemvuselelo ngapho kwelo cala, ngoko bawela. Babelishumi mhlawumbi ishumi elinesibini abantu ababeyile. Ngoko wehla waya apho ukuya kuyikhangela, waza wamva loo mshumayeli eshumayela, ngokunyaniseka kwentliziyo yakhe. Wathi, “Uyazi ndiyakholwa, ukuba angayiphulaphula Inyaniso.”

Ngoko emva kokuba inkonzo iphumile, wambizela ngaphaya emva kwentnente, wathi, “Khangela, sinomzalwana omncinane onobudana obungaka, iJudana elinempumlo egoso, kwaye, kodwa uyakuthi akufika akufundise iLizwi likaThixo, ngkucacileyo.” Kwalunga, emva komzuzwana . . .

129 UPawulos wayesentolongweni yena ngeloxesha. Eyona ndawo imbi kumshumayeli wale mihla, akangeke akwenze oko? Kodwa ke wayesentolongweni, neNkosi yayimfake apho. Ngoko emva kokufika kwenyikima, yayishukumisa intolongo, wamthabatha umgcini ntolongo nendlu yakhe wababhaptiza bonke, eGameni leNkosi uYesu, baqalisa bawela.

Wayesandula kukhupha idemoni komncinane, kwintombazana endala apho ezantsi eyayixilonga. Kwaze, ngoko, babesenza imali eninzi ngayo, ngoko wasuka wakudandalazisa oko kurhwaphiliza, ngoko ke bamthabatha bamfaka entolongweni ngenxa yaloo nto. Yaza iNkosi yayishukumisa loo ntolongo, kuba wayeneqela labantu ngaphaya elalize kuva iNyaniso. Awunakho ukulibopha iLizwi likaThixo. Akukho . . . Akukhathaliseki nokuba yintoni na, awungekhe. Awungekhe nje.

130 Ngoko wawela weza ngapho apho yayikhona le ndoda. No-Akwila kunye noPrisila, mhlawumbi babephethe amaqebengwana. Kwathi kanye nje emva kokuba edliwe amaqebengwana, wathi, “Sizakuwela siye emvuselelweni.”

UPawulos wahlala phaya emva ebambe ingutyana yakhe, wamamela umshumayeli womBhaptizi eshumayela.

Wathi, “Intle le nto, oko ukushumayelayo, kodwa kukho okuthe chatha kwaYo.” Wathi, “Ndifuna ukukubuza umbuzo, Gqr. Apolo. Wakha wamamkela uMoya oyiNgcwele wakholwayo nje?”

“Owu,” watsho, “asizange sive nokuva ngaloo nto. Uthetha ukuthini, ngo ‘Moya oyiNgcwele’? SingamaBhaptizi.”

Wathi, “Nazi njani ukuba ningamaBhaptizi?” ’Yabona?

“Ke, sibhaptiziwe. Sazi kuphela ubhaptizo lukaYohane.”

Wathi, “Wayebhaptizela kuphela enguqukweni, esithi, makukholwe kuLowo uzayo, kuYesu Kristu.”

Wathi ke akukuva oku, babhaptizwa kwakhona, eGameni likaYesu Kristu. Waze uPawulos wababeka izandla, waze uMoya oyiNgcwele wabahlela, bathetha ngeelwimi baprofetha. Wathi, “nabani,” ngoku.

131 Ngoku siyenza njani loo nto? Ndifuna ukunixelela into, ukuze ndi . . . Sizakuvala, kuba, ku, bendinixelele ukuba ndizakunikhupha kwangethuba. Niyazi ukuba uMoya oyiNgcwele uyintoni na. Ukwenzela iSibhalo sokugqibela sangokuhlwanje . . . ndinelinye iqela apha phantsi, kodwa ndizakuziqakatha. Masityhile kwabaseKorinte bokuQala 12. Size ke sifunde oku, size ke si—sivale. Kulungile. AbaseKorinte bokuQala, isahluko se-12.

Bangaphi abakholwayo yimfundiso kaPawulos oNgcwele? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo! Wathi, kumaGalati 1:8, “Ukuba iNgelosi ifundisa nantoni na eyahlukileyo, mayisingelwe phantsi,” akasathethi ke ngomshumayeli. “Ukuba iNgelosi evela eZulwini iyehla ifundise nantonia na eyahlukileyo, mayisingelwe phantsi.” ’Yabona, ayinanto yakwenza noko.

132 Ngoku khangela oku, kumaKorinte okuqala 12. Bangaphi—bangaphi abaziyo ukuba kufanele sibe kuKristu ukuze sibe nokungena eluvukweni, ngokuba nguMzimba waKhe awathi uThixo wathembisa ukuwuvusa? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ayikho enye indlela. Ayikho enye indlela, ukuba ungaphandle kukaKristu.

Usenokukhangela *apha* emva ukholwe kuYe, uthi, “Ngokuqinisekileyo, ndiyakholwa kuYe. UnguNyana kaThixo.” Kulungile, mzalwana wam, ndikulungele ukubamba isandla sakho xa uthetha oko. “Ndiyakholwa kuYe. NdiyakuMvuma njengoMsindisi waM.” Intle loo nto, kodwa nangoko awukabi kuYe. “Ndizakubambana isandla nomshumayeli. Ndizakuzivuma izono zam.” Noko akukabikho kuYe.

133 Ngoku khangela, ubone oko kwathethwa nguPawulos, ukuba ungena kanjani na kuKristu. Uyakwaziwa njani

njengolwaluko, Abraham? Banika uphawu. Phulaphula oku ngoku, kumaKorinte okuQala, isahluko se-12, masiqale ke ngomqolo we-12.

> *Kuba kwanjengokuba umzimba, umnye unamalungu amaninzi, abe ke onke amalungu aloo mzimba mnye. . .amalungu alo mzimba mnye, emaninzi nje, emzimba mnye; ukwanjalo ke noKristu lo.* (Hayi owahlukeneyo. "Mnye!")

Phulaphula."Kuba ngabandla linye"? Bangaphi abafunda emva kwam? "Ngokubamba isandla okunye"? "Ngamanzi manye"? Hayi. Ngoko kumelwe ukuba kukho ophosisayo.

"NgaMoya mnye!" Ingaba ungunobumba omkhulu? Lowo, nguMoya oyiNgcwele," ngoko. 'Yabona?

> *. . .kuba thina sonke sabhaptizelwa mzimbeni mnye ngaMoya mnye, nokuba singamaYuda nokuba singabeNtlanga, nokuba singamakhoboka; nokuba singabakhululekileyo sonke sasezwa Moyeni mnye.*

134 Umzimba kaKristu unguMoya omnye, apho lonke ilunngu, ukusukela kwiPentekoste ude ube lelixesha, lisela wiWayini entsha enye, uMoya oyiNgcwele omnye, livelisa iziphumo ezinye. Siyenza njani loo nto? "NgaMoya mnye."

Ngumnyango kaThixo ovuliweyo, uMoya oyiNgcwele. Uyintoni? Ungumnyango ovuliweyo kaThixo. Uluphawu. Ulitywina. UnguMthetheleli. UngumMeli. Usisiqiniseko. Uluphumlo. Uluxolo. Ukukulunga. Uyimpiliso. UbuBomi. U— Ungumnyango ovuliweyo kaThixo oya kuzo zonke ezi zinto. Ungumnyango kaThixo ovuliweyo oya kuKristu, onako. . .

UThixo wakuqondakalalisa ukuba Wamvusa uYesu kwabafileyo, nabo ke balele ukufa kuKristu uThixo uyakubazisa kunye naYe eluvukweni. "Musani ukumenza buhlungu uMoya oyiNgcwele enathi ngaye natywinelwa kuKristu kude kube yimini yentlawulelo." Whu-u! Bangaphi abayikholelwayo loo nto? [Ibaqndla lithi, "Amen."—Mhl.]

135 Yintoni uKristu? Yintoni uMoya oyiNgcwele? Asiyonto ithile abantu abayihlekayo. Yinto ethile abayihlekayo abantu; kodwa asiyiyo, kwikholwa.

Kongakholwayo! Ndinqwenela ukuba ndibe bendinethuba elide iiveki ezimbini okanye ezintathu, bendingathanda ukuthatha ubusuku bangomso ndinixelele ukuba Uyintoni na kongakholwayo. Mandibaleke ndigqibezele, okomzuzwana nje wexesha. Uyinto eyintlekisa. Usisabatha. Usisikhubekiso. Ukukufa. Ukukwahlukana noThixo ngoNaphakade. Andikwazi nje ukucinga ngezinto Ozizo kongakholwayo!

136 Khumbula, le mvula inye abangakholwayo bahlekisa ngayo, yayiyimvula enye nale yasindisa uNowa nosapho lwakhe. 'Yabona? NguMoya omnye, uMoya oyiNgcwele lo

abantu bahlekisa ngawo bathi “yimpambano, neqela lezihiba, Uyimpambano,” Ikwayiloo nto inye eyakuXwila iBandla iLithabathe ngemihla yokugqibela; eyakuzisa umgwebo kwabangakholwayo. Injalo loo nto. Nantso into ayiyo uMoya oyiNgcwele.

137 Banoyolo . . . Makhe ndithethe oku, ngokunyaniseka kwentliziyo yam. Banoyolo abawulambelayo baWunxanelwe, ngokuba bayakuzaliswa.

138 Ngokuhlwa ngomso sizakuthetha, ngokuba uWufumana kanjani na nokuba Wenza ntoni xa Ufikile.

139 Ngoku, bangaphi apha abayakuthanda ukwamkela uMoya oyiNgcwele, abafuna ukuba kubekho umntu obathandazelayo, ukuze ubone ukuKhanya?

Uyazi “ukuba Uyintoni na.”

Ngoku, ngokuhlwa ngomso, sizakuthabatha ukuba, “wenza Ntoni na.”

140 Ukuze kubusuku obulandelayo, kukuba, “ungaWamkela kanjani na.” Kuze ke siwubize, senze ukuba abantu abalapha baziswe, baze bangene emagumbini bahlale apho, nokuba oko kuthabathe ixesha yada yedlula iKrismesi, ilungile loo nto, ude uMoya oyiNgcwele uze. Sizakusondela kuWo ngesona sisezingqondweni isiseko seBhayibhile. Sizakusondela kuWo siWufumane kanye njengokuba uThixo waWuthembisayo, waze Wehla ekuqalekeni. Yiloo ndlela kanye esizele ukwenza ngayo apha. A . . . Akwenzi mahluko nokuba yintoni na ethini na, thina si . . .

ILizwi likaThixo li . . . lilo elibalaseleyo entliziyweni yam. Injalo loo nto. Kwaye ndifuna loo nto uThixo andibekele yona. Ukuba kusekho enye into, vula iZulu, Nkosi, kuba eyam—eyam intliziyo ivulelwe yona. Injalo loo nto.

141 Bangaphi abaWufunayo? Ngoku phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndithandazele.” Ngoku, ngoku nisemi njalo, izandla zenu ziphakamile.

Bawo waseZulwini, sifundise ixesha elide. Kodwa uMoya waKho ulapha. Kukho izandla ezisemoyeni ngoku. Kwaye bayazi ukuba Uyintoni na, bayazi ukuba uthetha ntoni na uMoya oyiNgcwele. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba phambi kokuba le nkonzo iphele, ukuba sonke isandla apha esiyakuphakanyiswa maze simaMkele. Siphe oko, Nkosi.

142 Siyabathandazela. SiyaKucela ukuba ubasikelele, ukuba ubanike nomnqweno wentliziyo yabo. Khangela izandla zabo, Nkosi. BayaKuthanda. BayaWufuna. Bayazi ukuba abanakuhamba . . . Ngomso ngokuhlwa, ukuba Uyakundinceda, Nkosi, singakuqondakalalisa oko ngeSibhalo ukuba

abangekhe balufumane uXwilo ngaphandle kwaWo. Ngoko ndiyathandaza, Bawo, ukuba Ubanike ukulamba nokunxanwa ukuze babe nokuzaliswa. Ndibasondeza kuWe ngoku, Bawo. Kwaye, siphe ezo ntsikelelo, njengokuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Wathenga usindiso lwam
EKalvari emthini.

143 Ndifuna ukuthetha oku phambi kokuba silicule kwakhona. Ndifuna ukuhlangana neqela labalungiseleli apha egumbini, ngokuhlwa kwangoLwesihlanu, phambi kokuba iqalwe inkonzo, 'yabona, ngokuhlwa ngoLwesihlanu. Ndi . . .

Niyabona ukuba ndizama ukwenza ntoni na? Ukubonisa ukuba Uyintoni na, ukuba kungasondelwa njani kuWo nokuba yintoni na onokuyihlonela; ukuze ke ungezi ngobumfama, unqkonkqoza kwinto ethile. Naso isizathu sokuba ndingawuceli ngokuhlwanje. Ndifuna nazi ukuba Uyintoni na. Ulidinga. Ulitywina. UnguMthetheleli. Ukuko konke.

Ukuze, ngokuhlwa ngomso nangobusuku obulandelayo, sizakuqalisa ke ngoko ukusukela ngoko ukuya phambili, ude Ufike. Akukhathaliseki nokuba uyakuthatha ixesha elingakanani; siyakulinda ude. Coca intliziyo yakho. Akangeke aWugalele kwintliziyo engacocekanga. Lungisa, uhlale ulungile, kwaye Uyakukunika.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda (masiphakamise izandla zethu ngoku)
Kuba Wandithanda kuqala
Wathenga usindiso lwam
EKalvari ethini.

Umlungiseleli usandula ukuthi, kwaye siyavumelana, ngokuhlwa ngomso sizakuqalisa ngeyesixhenxe endaweni yecala leyesixhenxe. Oko ke kuyakwenza ukuba ndinikhuphe ngecala leyesibhozo endaweni yecala leyethoba. Ngamashumi amathathu e–. . .Ngentsimbi yesixhenxe, ngokuhlwa ngomso, iyakuqala inkonzo yomculo. Ndizakube ndiseMyalezweni wam ngecala leyesixhenxe.

NdiyaMthanda,

Masikhuphe iitshefu zethu siMphephezelisele.

NdiyaMthanda,

Waphule nje loo msinga wesithethe ngoku!

Kuba Wandithanda kuqala
Wathenga usindiso lwam
EKalvari emthini.

Kulungile, umlungiseleli wenu ngoku, Mzalwana uNeville.

Yintoni UMoya OyiNgcwele?
(*What Is The Holy Ghost?*)
Disemba 16, 1959, ngorhatya ngoLweSithathu

Wanikezelelwa Ntoni UMoya OyiNgcwele?
(*What Was The Holy Ghost Given For?*)
Disemba 17, 1959, ngorhatya ngoLweSine

Le Miyalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham yashungayelwa ngesiNgesi kuMnquba kaBranham eJeffersonville, e-Indiana, eMelika. Onke amalinge okuguqula ngokuchanekileyo uMyalezo othethiweyo enziwe ukusuka kushicilelo lukazibuthe ukuza kwiphepha elishicilelweyo, ishicilelwe yasasazwa ngesisa ngabe Voice Of God Recordings. Ipapashwe ngesiXhosa ngowe-1995. Iphinde yashicilelwa ngowama 2011.

XHOSA

©1995 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
P.O. BOX 178, SOMERSET WEST, 7129 CAPE PROVINCE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org